



URhulumente
weNtshona Koloni



ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni

Ingxelo Yonyaka ka

2020/21



**URhulumente
weNtshona Koloni**

NGOWAKHO

UPhuhliso loLuntu

**ISebe loPhuhliso loLuntu
leNtshona Koloni
(IVoti 07)**

**INgxelo yoNyaka
2020/2021**

Ukuzihlangula

- Inguqulelo yesiNgesi yale Ngxelo yoNyaka ithathwa njengombhalo osemthethweni. Iinguqulelo zesiBhulu nesiXhosa zolu papasho ziyafumaneka xa uzicelile.
- ISebe alinakubekwa butyala ngako nakuphi na ukutolikwa ngendlela engeyiyo okunokuthi kwenzeka ngexesha lenkqubo yoguqulelo.
- Ukuba kukho nakuphi na ukuguqulelwa ngendlela engeyiyo okunokuthi kwenzeka ngexesha lokuguqulelwa kolu xwebhu, inguqulelo yesiNgesi njengolwimi lwentsusa iya kuphumelela.
- Le Ngxelo yoNyaka yaqulunqwa liCandelo loMlawuli oyiNtloko loCwangciso loShishino nesiCwangciso, kwiSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni.

Iziqulatho

ICandelo A: ULwazi Jikelele	5
1. ULwazi Jikelele lweSebe	5
2. Izifinyezo kunye neZishunqulelo	6
3. Imbulambethe yoMphathiswa	8
4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo.....	10
5. INgxelo yoXanduva kunye noQinisekiso lokuchaneka kweNgxelo yoNyaka.....	25
6. Isishwankathelo sobuchule	26
Umbono.....	26
Imishini.....	26
Iinqobo	26
7. Uwisomthetho kunye nezinye iziGunyaziso	27
Izigunyaziso zoMgaqo-siseko	27
Izigunyaziso zoWisomthetho	27
Imisebenzi engundoqo yeSebe	30
Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo.....	30
Izigwebo zeNkundla ezifanelekileyo.....	35
8. Ubume beSebe	36
9. Amaqumrhu aNika iNgxelo kuMphathiswa/ MEC	36
ICandelo B: Iinkcukacha zoMsebenzi	37
1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: iinjongo eziMiselwe kwangaphambili.....	37
2. Isishwankathelo seNdlela yokuSebenza kweSebe.....	37
2.1 Imekobume yoNikezelo lweNkonzo	37
2.2 Isicwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweNkonzo	41
2.3 Ubume beSebe	69
2.4 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ongundoqo notshintsho lwemithetho.....	71
3. Impumelelo yeeMpembelelo zeZiko kunye neZiphumo	72
4. ULwazi lweNtsebenzo yeNkqubo yeZiko	76
4.1 Inkqubo 1: Ulawulo.....	76
4.2 Inkqubo yesi-2: Iinkonzo zeNtlalontle yoLuntu	80
Iimpumelelo zenkqubo	87
4.3 Inkqubo yesi-3: Abantwana neeNtsapho	90
4.4 Inkqubo yesi-4: Iinkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo sangaPhambili	104
4.5 Inkqubo 5: Ezingophuhliso Nophando.....	116
5. Iintlawulo.....	131
5.1 Iintlawulo eziya kumaqumrhu oluntu	131
5.2 Iintlawulo eziya kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu oluntu	131
6. Iinkxaso-mali Ezinemiqathango	131
6.1 Iinkxaso-mali ezinemiqathango kunye neemali ezibekelwe izinto ezithile.....	131
6.2 Iinkxaso-mali ezinemiqathango kwaneemali ezibekelwe izinto ezithile ezithe zachongwa.....	131
7. Imali Zesisa.....	134
8. Utyalo-mali Lwenkunzi.....	134
8.1 Utyalo-mali Lwenkunzi, ugcino kunye nesicwangciso solawulo lwempahla.....	134

Isigaba C: Ezingolawulo	139
1. Intshayelelo	139
2. ULawulo loMngcipheko	139
3. Ubuqhophololo noRhwaphilizo	142
4. Ukuncitshiswa koNgquzulwano loMdla	143
5. Indlela yokuZiphatha	145
6. Imiba yeMpilo, yoKhuseleko neNdalo	145
8. IziGqibo zeKomiti eSigxina ngee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA)	153
Isigaba D: Ezingolawulo Lwemicimbi Yabasebenzi	161
1. Intshayelelo	161
2. Isimo Sezolawulo Lwabasebenzi kwiSebe	161
2.1 Iinkalo Eziphambili Kucwangciso Lwezabasebenzi beSebe	161
2.2 ULawulo Lwentsebenzo Yabasebenzi	162
2.3 Impilo-ntle Kubasebenzi	162
2.4 Uhlolo Lwezolawulo Lwabasebenzi.....	162
3. Izibalo-manani Zokubekwa Kweliso Kwezolawulo Lwabantu	163
3.1 Inkciitho echaphazela abasebenzi	163
3.2 Ingqesho Nezithuba Zengqesho	167
3.3 Uvavanyo Lwezikhundla	168
3.4 Iinguqu Kwingqesho.....	171
3.5 Umakulinganwe Kwezengqesho	178
3.6 Ukutyikitywa Kwezivumelwano Zentsebenzo Ngamalungu eSMS	185
3.7 Ukuvingcwa Kwezikhundla zeSMS.....	186
3.8 Intsebenzo Yabasebenzi	188
3.9 Abasebenzi Abaphuma kumanye amazwe	194
3.10 Ukusetyenziswa kwekhefu kwixesha elisusela kowokuqala kweyoMqungu ka-2020 ukuya kowama-31 kweyoMnga ka- 2020.....	195
3.11 Iinkqubo Zokuphakanyiswa Kwempilo, kuquka intsholongwane kaGawulayo kunye noGawulayo	199
3.12 Imiba Yabasebenzi	204
3.13 Uphuhliso Lwezakhono	207
3.14 Ukonzakala Emsebenzini	209
3.15 Ukusetyenziswa Kweengcali Zangaphandle	210
Isigaba E: Iinkcukacha Ezingemali	213
1. Ingxelo yoMphicothi-Jikelele	213
2. Ingxelo Zonyaka Zemali	213
Isihlomelo A: Iintlawulo eziya kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu oluntu	214
Isihlomelo B: Iinkcukacha Zoqhakamshelwano	214

ICandelo A: ULwazi Jikelele

1. ULwazi Jikelele lweSebe

ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni

Idilesi yendawo: Isitalato 14 Queen Victoria
EKapa 8001

Idilesi yeposi: Private Bag X9112
EKapa 8000

Nceda uthumele imibuzo malunga nolu xwebhu:

I-imeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

Inombolo yomnxeba: (27)21-483 5121

Inombolo yasimahla: 0800 220 250

Iwebhusayithi: <http://www.westerncape.gov.za>

PR: 207/2021

ISBN: 978-0-621-49588-1

Isihloko soPapasho: ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (IVoti 07) INgxelo yoNyaka yowama2020/2021

2. Izifinyezo kunye neZishunqulelo

Isishunqulelo	Ukwandiswa
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
AOS	Inkqubo yamaGosa oCwangciso-mali
APP	IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka
ASC	UNonophelo lwasemva kwesikolo
BAS	Inkqubo yoCwangciso-mali oluSiseko
B-BBEE	UXhotyiso oluBanzi lwabaMnyama kwezoQoqosho
BCP	IsiCwangciso sokuQhubeka koShishino
CCP	UNonophelo lwaBantwana noKhuseleko
CoE	Imbuyekezo yabaSebenzi
CNDC	IZiko leZondlo noPhuhliso loLuntu
CPO	Umbutho woKhuseleko lwaBantwana
CSC	IZiko leNkonzo yeQumrhu
CSD	Uvimba weenkukacha zabathengisi abaphakathi
CYCC	IZiko lokuKhathalela uMntwana noLutsha
DoH	ISebe lezeMpilo
DotP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo
DRP	IsiCwangciso sokuBuyisa iNtlekele
DSD	ISebe loPhuhliso loLuntu
DPWI	ISebe leMisebenzi yoLuntu kunye neZiseko zoPhuhliso
DTPW	ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu
ECD	UPhuhliso lwaBantwana
EHW	Impilo yabaSebenzi kunye neMpilo Qete
EPWP	Inkqubo yeMisebenzi kaRhulumente eyaNdisiweyo
ERM	ULawulo loMngcipheko woShishino
ERMCO	IKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino
FASD	ULuhlu loPhazamiseko loTywala eMntwaneni
GBV	UBundlobongela obuSekwe kwiSini
GBVCC	IZiko loMyalelo loBundlobongela obuSekwe kwiSini
GMT	IziThuthi zikaRhulumente
HCT	Iingcebiso noVavanyo lweHIV neAIDS yeHCT
ICB	UkuXhotyiswa kweZiko
ICT	UbuChwephesha boLwazi kunye noNxibelelwano
IT	UbuChwephesha boLwazi
IYM	Ukubeka iliso enyakeni

Isishunqulelo	Ukwandiswa
MEC	ILungu lesiGqeba soLawulo
MTEF	Isakhelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi
MTSF	Isakhelo soBuchule seXesha eliPhakathi
M&E	Ukubeka iliso nokuHlola
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe
NDSD	ISebe leSizwe loPhuhliso loLuntu
NEET	Ongekho kwiNgqesho, iMfundo, kunye okanye uQeqesho
NPO	Umbutho ongajonganga nzuzo
NT	UNondyebo weSizwe
PEI	UThintelo kunye nokuNgenelela kwangethuba
PAIA	UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi
PPE	Isixhobo soKhuseleko soMntu
PERSAL	UMvuzo waBasebenzi
PT	UNondyebo wePhondo
RWOPS	Umsebenzi ovuzayo wangaphandle kweNkonzo kaRhulumente
SAPS	INkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika
SASSA	IArhente yoKhuseleko lwezeNtlalo yoMzantsi Afrika
SCM	ULawulo lweeNtengo
SDA	INdawo yoNikezelo lweNkonzo
SMS	INkonzo yoLawulo oluPhezulu
SOP	INkqubo yokuSebenza eseMgangathweni
SUD	UPhazamiseko lokuSetyenziswa kweZiyobisi
TCC	IZiko lokuKhathalela iThuthuzela
TPA	Isivumelwano seNtlawulo yokuDlulisela
VPNra	INethiwekhi yaBucala yokufikelela kude
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni

3. Imbulambethe yoMphathiswa

Nkszn. S.G. Fernandez

UMphathiswa wePhondo: UPhuhliso loLuntu



ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (DSD) lidlala indima ebalulekileyo ekufakeni igxalaba ekuxhobiseni nasekubekeni ithemba kubemi beli Phondo, ingakumbi kwabo bahlelekileyo, abasesichengeni kunye naBantu abaKhubazekileyo.

Kunyaka-mali wowama2020/21, iSebe lihleli lizibophelele ekufezekiseni imisebenzi yalo esemthethweni nangona izinga eliphezulu lophazamiseko ekuhlaleni, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, ubundlobongela obusekelwe kwisini kunye nokwenzakala okuthe gqolo kuluntu lwethu oluninzi, ezidolophini nasemaphandleni.

Kubalulekile ukuba siqaphele ifuthe lobhubhane weCOVID-19 kwilizwe nakwiPhondo lethu. Amaza elokuqala kunye nelesibini obhubhane afune ukuba sigqithe nangaphaya njengePhondo ukulwa iziphumo zeCOVID-19 kwicandelo lezentlalo. Icandelo eliye latyhalelwa emngciphekweni ngenxa yemithetho ethile engekho ngqiqweni yeCOVID-19 ebekwe njengenxalenye yoMthetho woLawulo lweNtlekele. Nangona kunjalo, iSebe lizigcinile iinkonzo zalo kwaye lahamba ngaphezulu nangaphezulu malunga nokubonelela ngoncedo loluntu, iinkonzo kuBantu aBabala, iindawo zokuhlala kumaxhoba okuxhatshazwa, iinkonzo zenkxaso yengqondo, iinkonzo zokukhusela abantwana, kunye neenkonzo zabantu abakhubazekileyo.

Ubhubhani weCOVID-19 ube nempembelelo embi kakhulu kubantu boMzantsi Afrika, ushiya uninzi lungaphangeli, bexhwalekile kwaye belambile. Ngoko ke, uRhulumente weNtshona Koloni uye waseka inkqubo yoNcedo loLuntu ukuze kuququzelelwe iinzame zokunceda abona bantu basesichengeni kwiphondo. ISebe, ngentsebenziswano neSebe leNkulumbuso, liphuhlise inkqubo yeDashboard yoNcedo loLuntu ukuze kulandelelwe uncedo lokutya kwiphondo ngexesha lentlekele yeCOVID-19. Le projekthi yanceda ukukhuthaza ulungelelwaniso olululo lwemizamo yokunceda ukutya phakathi kwee-arhente zikarhulumente ezohlukeneyo ukuqinisekisa ukunaba okusebenzayo koncedo lokutya kuzo zonke iindawo ezidingayo kwaye kuthintelwe ukuphindaphindwa kwezi nzame. Ugcino-lwazi lukarhulumente luhlaziywa qho ngeveki kwaye idatha yecandelo labucala/yeMibutho eNgekho phantsi kukarhulumente iyahlaziywa njengoko ifumaneka. Kukwabalulekile ukubulela igalelo lemibutho yoluntu, iMibutho eNgenaNzuzo (iiNPO), iMibutho eSekwe kuLuntu (iiCBO) kunye necandelo lezeNkolo, phakathi kwezinye izinto ngokunjalo nabemi boMzantsi Afrika abaninzi abaye baphakama ukuxhasa urhulumente kuye wonke ubhubhane.

Ubhubhane weCOVID-19 ubeke isoyikiso esongezelekileyo kubantu abadala bethu kwiphondo, ngakumbi abo bahlala kumaziko ononophelo olubuthathaka. Nangona onke amaqela obudala esemngciphekweni wokosulelwa yiCOVID-19, abantu abadala bajongana nomngcipheko ophezulu kakhulu wokufumana isigulo esiqatha ukuba bosulelwa sesi sifo. Ukusabela kwimingeni ebangelwe yiCOVID-19 kubantu abadala, iSebe libonelele ngale nkxaso ilandelayo: kwamiselwa imigaqo-nkqubo phakathi kweDSD yephondo kunye neSebe lezeMpilo lePhondo (DoH) malunga nokuthunyelwa koqhambuko lweCOVID-19 kumakhaya abantu abadala; iDSD iququzelele ukusasazwa kwamavolontiya kumakhaya abantu abadala acoce nzulu – kugxilwe kumakhaya akwindawo ezihlala abantu abasengozini nakwiindawo ekuxhaphake kakhulu iCovid, ukusasazwa kwezicoci zandla kunye nezikhuselo zobuso; abasebenzi boncedo abongezelekileyo babonelelwa apho naxa kuyimfuneko kwaye inkxaso-mali eyongezelelweyo yenziwe yafumaneka kumakhaya abantu abadala kulawulo lweCOVID-19, ngaphezu kolwabiwo olukhoyo.

Ngexesha lokuvalwa ngamandla leCOVID-19, iSebe liqhubekile nokubonelela ngenkxaso kumakhaya akhathalelayo nabonelela ngeenkono kubantu abakhubazekileyo. Nangona amaziko okugcina abantu abakhubazekileyo kunye namaZiko oPhuhliso lwaBantwana (iiECD) ehleli evaliwe, eli Sebe libe lilo lodwa kweli lizwe elithe gqolo ukunika la maziko inkxaso-mali. Inkxaso-mali isetyenziselwe imivuzo yabasebenzi babo kwaye ama70 eepesenti eeECD asebenzise inkxaso-mali ukondla ngaphezu kwama50 000 abantwana abasemngciphekweni kwiphondo liphela. Ukuvalwa kweeECD ngexesha lokuvalwa ngamandla kunokuba nefuthe lophuhliso nokuziphatha kubantwana bethu abaninzi ngakumbi, kungoko iSebe liqhubekile nokuxhasa eli candelo, libonelela ngezixhobo zokuzikhusela (PPE) kunye noqeqesho ukuvumela amawakawaka eeECD ziphinde zivulwe ngokukhuselekileyo.

'Isithunzi sobhubhane' sobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana kukwaphulwa kwamalungelo oluntu okudala. Besiyiqonda into yokuba ngexesha lokuvalweleka ngendlu ukunqanda ukusasazeka kweCOVID-19, kwabanye, ukuhlala wedwa ekhaya kwazisa umngcipheko owongezelelekileyo njengokubandezeleka ezandleni zomxhaphazi, kunye neendlela ezilinganiselweyo zokushiya ikhaya ngenxa yezithintelo. kwintshukumo. Ngokunjalo, iDSD yephondo iqhubekile ukunika inkxaso kumakhoba oxhatshazo ngexesha lokuvalweleka ngendlu. Sikwaqhubekile nokubonelela ngeenkono zokucebisa abo bothukileyo kubo bonke, ingakumbi abasetyhini nabantwana, ezijolise ekunyangeni iimpawu zoxinzelelo lwasemva kokwenzakala, ukubhida ngokweemvakalelo kunye nokungabi namvakalelo kubundlobongela.

IBhunga lePhondo lokuLungelelanisa leCOVID-19 ligqibe kwelokuba iDSD kufuneka ithabathe indima yokubonelela ngenkxaso ngokwasengqondweni ebantwini kunye/okanye kwiintsapho ezichatshazelwe ngeendlela ezahlukeneyo yile ntsholongwane. ISebe, ngenkxaso yamahlakani alo eeNPO kunye namavolontiya alo, lisebenzise iinkqubo ezahlukeneyo zokwazisa ezidityaniswe nongenelelo lwengqondo, ukunceda abo bantu bachatshazelwe yiCOVID-19. ISebe likwaseke intsebenziswano nemibutho yoluntu ukuseka amaqela enkxaso kwiindawo zoluntu olusemngciphekweni.

Ndinebhongo kwaye ndiqinile kwinkolelo yam yokuba eli Sebe aliqhubeki nje ukufaka igalelo ekudaleni uluntu olungcono kodwa olunobulungisa. Ubhubhane weCOVID-19 usenze somelela, sasebenza ngakumbi kwaye wasibonisa into esikwaziyo ukuyenza xa amagosa azinikeleyo, phantsi kobunkokeli obusesikweni esenza oko akwenzayo kakuhle - ukuba yinkonzo!



UMphathiswa wePhondo woPhuhliso loLuntu

Nkszn. S.G. Fernandez

Umhla: 11 EyeNkanga 2021

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Gqr Robert Macdonald

IGosa eliNika iNgxelo: UPhuhliso loLuntu



Isishwankathelo semisebenzi yeSebe

Unyaka-mali odlulileyo ube ngowona nyaka ungaqinisekanga nonesiphithiphithi kwimbali yombuso wethu wedemokhrasi. Impembelelo ekhawulezileyo yeCOVID-19 kuqoqosho kunye imeko yentlalo noqoqosho iguqule ukukhula okuphantsi koqoqosho, intswela-ngqesho eyonyukileyo, ukwanda kokungakhuseleki kokutya kunye nokwanda kobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana. Ngezicwangciso zonyaka-mali wowama2020/21 ezenziwe phambi kwezigaba zokuvaleleka ngendlu eziphunyezwe ngurhulumente kazwelonke ukusuka kweyoKwindla wowama2020, iSebe kuye kwafuneka lihlengahlengise iindlela zonikezelo lweenkonzo ngokukhawuleza ukuqinisekisa ukhuseleko lwabaxumi, abasebenzi, amahlakani eNPO, kunye nokufikeleleka kweenkonzo.

Amanqanaba okuqala okuvaleleka ngendlu abeke ulawulo olungqongqo kwintshukumo, ekhokelele kuphazamiseko olukhulu kuluntu kunye nemivuzo, nto leyo eyayibeka emngciphekweni ukhuseleko lokutya kumakhaya amaninzi. Ukusabela, iSebe liye langenelela ukunceda awona makhaya asemngciphekweni ekusasazeni iipasile zokutya ezingama 55 977 zabaxhamli abafanelekileyo abangama 223 908, ngentsebenziswano neeNPO, kulo nyaka-mali uphelileyo. Utshintshelo oluyimpumelelo lwamaziko angama20 esondlo asekelwe kuluntu asuka kwiSebe leSizwe loPhuhliso lweNtlalo (NDSD) kwandise ngakumbi inkqubo yokutya yeSebe kwiPhondo, libonelela awona makhaya asemngciphekweni ngenkxaso yesondlo. Abaxhamli abongezelelweyo abangama57 961 babonelelwa ngokutya okuphekwe mihla le kwiPhondo liphela kwiindawo ezikhoyo, ngentsebenziswano neeNPO zalo. ISebe likwabonelele ngophuhliso lwezakhono kumagosa ommandla ngezikhokelo zomgaqo-nkqubo woNcedo lweNtlalo kunye nemithetho yokuziphatha yokuphucula umgangatho, ukufikeleleka kunye nozinzo lwamangenelelo kwabona basemngciphekweni.

Ukuxhasa impendulo yoRhulumente weNtshona Koloni (WCG) kwiCOVID-19, iSebe libonelele ngenkxaso yobugcisa, lisebenzisa iinkcukacha nobuchule bomhlaba, kumaqela asebenza phakathi koorhulumente. Oku kuquka imephu yokuhanjiswa kweepasile zokutya kunye neziza zokutyisa kwiphondo, kwisithili, kumasipala wasemakhaya nakwinqanaba lewadi, kunye nokulandelela usulelo kwiindawo ezimbini ezinamanani aphezulu eCOVID-19.

Icandelo lokhathalelo lwethutyana, izibonelelo zeECD kunye neAfter School Care (ASC), zachatshazelwa kakhulu zizithintelo zokuvaleleka ngendlu zeCOVID-19, ezithe zavalwa ezi zibonelelo ukusukela phakathi kweyoKwindla wowama2020. Ezi zibonelelo kunye neenkqubo zivunyelwe ukuba zivulwe kwakhona, ngokuxhomekeke kwiimfuno zempilo nokhuseleko kunye nokuthotyelwa kwemigangatho, ngokwezigaba ezifikelelweyo ukusukela kweyoMsintsi wowama 2020.

Inkqubo yaqaliswa ukunceda amaziko okhathalelo lwethutyana afanelekileyo kunye neenkqubo ngeepakeji zenkxaso yePPE ukuhlangabezana nemigangatho yezempilo nokhuseleko efunekayo ukuze kuvulwe kwakhona. Uninzi lweendawo zokhathalelo lwethutyana azizange zibe nendima yemfundo kuphela, kodwa zibonelele ngenkxaso yesondlo kuluntu oluhluphekayo. Ukuxhasa amalinge oncedo lokutya eSebe, uncediso-mali kwiindawo zokhathalelo lwethutyana luqhubekile ukuze kubonelelwe ngokutya kubantwana ngexesha lokuvaleleka ngendlu lwenqanaba lesi-5 kunye namanqanaba alandelayo okuvalwa.

Inkqubo yeECD ihleli izibophelele ekuboneleleni ngendawo ekhuselekileyo nekhulisayo, isondlo, uvuselelo nophuhliso lolwimi phambi kobhaliso lwesikolo. ISebe liqhubekile nokuququzelela nokuxhasa ukubhaliswa nokubhaliswa ngokutsha kwamaziko ononophelo lwethutyana kunye neenkqubo zeECD ukuphucula ukufikelela kunye neenkonzoz ezisemgangathweni. Oku kuquka ukuphuculwa kofikelelo kubantwana abakhubazekileyo ngokuququzelela ukubhaliswa kwamaziko ononophelo lwethutyana kubantwana abakhubazekileyo ngokuhambelana nePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wamaLungelo waBantu abakhubazekileyo. Iprojekthi yeNkxaso yoPhuhliso nokuLungela iSikolo yeECD, iphulo lentsebenziswano neSebe leMfundo leNtshona Koloni (I WCED) kunye neDoH eliphunyezwa ngoku kumaziko angama85 aqatshelweyo, libe nefuthe eilibi kukuvalwa kweECD. Ukuqinisekisa ukuba abantwana baqhubekile befumana iinkonzoz zenkxaso eyodwa yophuhliso, indlela yenkxaso iye yahlengahlengiswa ukuba ibe yindlela yokufikelela eluntwini ngokungabikho kwegalelo lokujongana nokujongana nonyango. Ngaphezulu kwe13 000 iipakethe zokuvuselela ezinikezelwe kubantwana, abazali kunye nabasebenzi ngexesha lokuvaleleka ngendlu njengenxalenye yokufikelela.

Ngaphandle kweemeko ezilingayo kulo nyaka uphelileyo, iSebe liqhubekile neenzame zalo zokuqinisekisa ukuba bonke abantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko bafumana iinkonzoz ezisemgangathweni ngokuphucula izakhono zabasebenzi bentlalontle abanikezela ngezi nkonzoz. Abantwana bajongene nokuvezwa okumandla kubundlobongela, ukuphathwa gadalala kunye nokungahoywa ngexesha lokuvaleleka ngendlu. Ukuqinisekisa ukuba ukufikelela okuqhubekayo kwiinkonzoz zokhuseleko lwabantwana iNkqubo yokuSebenza yeMigangatho (SOP) yokususwa komntwana ofunyenwe efuna ukhathalelo nokhuseleko ngexesha lokuvaleleka ngendlu iye yaphuhliswa yaza yaphunyezwa ngoCanzibe wowama2020. Ngaphezu koko iZiko loNyango laseKensington liguqulwe laba liziko likaxakeka labantwana abasemngciphekweni ngenxa yobhubhane weCOVID-19. Ukuphunyezwa kweNdelela eFanelekileyo yoThutho kwiinkonzoz zoKhuseleko lwaBantwana eNtshona Koloni kubonakalise ukuxabiseka ngexesha lokuvaleleka ngendlu, ngothungelwano olusekiweyo lokudluliselwa phakathi kwemibutho – kuquka amasebe karhulumente kunye namanye amanqanaba karhulumente – eququzelela ulawulo oluphuculweyo lwabantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko.

IsiCwangciso-qhinga sePhondo soThintelo noNgenelelo kwangethuba (PEI) sagqitywa kunyaka-mali wowama 2020/21 kwaye siza kubonelela ngenkqubo-sikhokelo yokomeleza inkqubo yokhuseleko lwabantwana nokunciphisa imfuno yongenelelo ngoncedo olusemthethweni. Ngaphaya koko, iya kusebenza njengendlela yolungelelaniso phakathi kwabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuqinisekisa ukuba iinkqubo ezikhoyo zePEI zisemgangathweni kwaye zifikelela kwiziphumo ezicetywayo kunye neziphumo. Njengenxalenye yokomeleza iinkonzoz zeDrop-in-Centre, iSebe libonelele ngenkxaso-mali yesithuba kubaphathi ababini boonontlalontle abanikwe umsebenzi wokuqinisa ulungelelwaniso lweQumrhu laBantwana abaseZitalatweni eNtshona Koloni kunye namanye amaqumrhwana. Aba baphathi boonontlalontle babonelela ngenkxaso kunye neengcebiso ezisekelwe kwiMimiselo neMigangatho, iziKhokelo zokuSebenza kuMaziko eDrop-in kunye nophando olusekelwe kubungqina kwiindlela zamva nje malunga nabantwana abahlala, abasebenza kunye nabangqiba ezitalatweni zePhondo. Nangona ichatshazelwa kakubi zizithintelo zokuvaleleka ngendlu, ungenelelo olungundoqo lokhathalelo nokhuseleko lwabantwana, olufana neenkqubo zeEye-on-the-Child, isibindi kunye nePEI ziqhubekile nokusebenza.

Ebudeni bonyaka ophantsi kovavanyo, ugqaliselo luhleli kubonelelo lweenkonzoz zocino lweentsapho, iinkqubo zonyango, iinkonzoz zolamlo, iinkqubo zobuzali, kunye neenkqubo ezijolise ekubuyiseleni izimilo, ukumanya nokubuyisela abantu abadala abangenamakhaya kwiintsapho zabo nakwiindawo abasuka kuzo. Iinkonzoz zeendawo zokuhlala kubantu abadala abangenamakhaya zandisiwe zandisa inani leendawo zokulala ngeepesenti ezingama 35 ukuya kwiibhedi ezingama 2 031. Le nkonzoz yomelezwa ngakumbi ngokubonelela ngezibonelelo ezongezelelweyo zoonontlalontle (SW) izithuba zabaphathi zokuqinisekisa umgangatho wolawulo kunye nenkxaso kwiSW kwiindawo zokhuseleko ezixhaswa ngemali. Ngentsebenziswano neSixeko saseKapa, iSebe liseke indawo entsha yokukhusela iintsapho ezingenamakhaya. Oku kuqinisekise ukuba iintsapho ezingenamakhaya ezifuna indawo

yokuhlala ngexesha lokuvaleleka ngendlu zingahlala kunye, zigcina ubume bosapho. Ngothelwano neDoH, iSebe liqinisekise ukuba zonke iindawo zokuhlala ezifumana inkxaso-mali zabantu abadala abangenandawo yokuhlala zifumana uqeqesho lokuziphatha lwezempilo nokhuseleko lweCovid-19.

Ngokubhekiselele kubantwana abakungquzulwano nomthetho, ukuphunyezwa kweenkqubo zoluleko zephondo ezivunyiweyo ezidityanise neenkqubo zoluleko ezivunyiweyo zesizwe ezintlanu, zenza ukuba kubekho iindlela ezingakumbi ezinkundleni zokuphambukiswa kwabantu abangaphantsi kweminyaka eli18 ukusuka kwinkqubo yoBulungisa kuLwaphulo-mthetho. ISebe liqhubekile nokubeka iliso kwinani labantwana abasalindele ukuthethwa kwetyala kumaziko oluleko ukuqinisekisa ukulibaziseka okuncinci kwinkqubela phambili yabantwana kwiinkqubo zoluleko. Ukuphuhlisa nokusetyenziswa kwezixhobo zokubeka iliso kululeko, ngokusekelwe kwingcebiso equelethwe kwingxelo yovavanyo equlunqwe liSebe, kuncede ekuphuculeni iinkonzo zoluleko kulo nyaka upheleleyo. ISebe liququzelele iindibano zocweyo ezininzi zothethwano kwi-intanethi kunye nemibutho efumana inkxaso-mali ukuze kubekwe iliso nokuqinisekisa ukuphunyezwa kwezixhobo zokubeka iliso. Ukongeza, iindibano zokubeka iliso ze intanethi ziye zabanjwa nawo onke amagosa oluleko, abongamileyo kunye nabaphathi ukomeleza ngakumbi isiCwangciso esiHlangeneyo soThintelo loLwaphulo-mthetho nokuphunyezwa koBuyiselo kunye nesiCwangciso-qhinga soKhathalela oLulandelayo lwamaGosa okuLingwa.

Onke amaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (iiCYCC) aqhubekile esebenza kwaye enikezela ngeenkono ngexesha lokuvaleleka ngendlu. I-SOP yolawulo lweCOVID-19 kwiiCYCC yaphuhlisa, kwaye bonke abasebenzi baqeqeshwa ngokwemimiselo nemigangatho, kunye nayo yonke imigaqo-nkqubo nemigaqo emalunga nokhathalelo lwabantwana nolutsha, impendulo kaxakeka kunye nokuphunyezwa kwemithetho yokuziphatha yeCOVID-19. Zonke iiCYCC zahlala ziyithobela, kwaye ziyithobela yonke imimiselo kuquka nolawulo lwabasebenzi kunye nabatyeleli abasuka nababuya kula maziko. Ukuqeqeshwa kweeCYCC iClanwilliam kunye neHorizon kwaqakunjelwa, kubandakanywa ukufunwa kwabasebenzi kunye nokuqhelaniswa nabasebenzi kunye nokuphazamiseka okungephi kwiinkonzo.

ISebe lenze umphambili ekuphuculeni ufikelelo kunye nokubonelela ngenkxaso yengqondo nentlalontle kwabo bachatshazelwe buBundlobongela obuSekelwe kwiSini (GBV). Ikhokelwa yaza yaququzelelwa nguMphathiswa weNtshona Koloni woPhuhliso loLuntu, isiCwangciso sokuPhunyezwa seWCG GBV saphuhlisa saze samkelwa sisigqeba sephondo kulo nyaka-mali umiyo. Ngaphezu koko, iSebe liqeshe oonontlalontle abangama 30 beGBV ukomeleza indlela yokusabela kwiGBV kwaye babonelele ngothintelo olulodwa nenkxaso yeGBV kuluntu olunesidingo esikhulu kwiPhondo. Kunye neSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente kunye neZiseko zoPhuhliso (DPWI) kunye neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu leWCG (DTPW), iziza ezintandathu ezongezelelweyo zeGBV zenziwa zafumaneka kwiPhondo (koomasipala besithili baseBergvriev, eSwarthland, eHessequa noMbindi Karoo) elenze inani lilonke lalo makhosi ukuya kutsho kuma25. Eyokuqala kwezi ndawo zokhuseleko zeGBV zaphehlelelwa kumasipala wesithili woMbindi Karoo ngomhla wama26 kweyoKwindla ngowama2021.

Ubundlobongela, ingakumbi kwabasetyhini nabantwana, budla ngokuphenjelelwa kukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi. Nangona ukufikelela kuthintelo lokuPhazamiseka kokuSetyenziswa kweZinyobisi (SUD) kunye neenkono zonyango bekuthintelwe yimigaqo yokuvulwa komsebenzi, iSebe liqhubekile nokubonelela ngeenkono zeSUD ezijolise kwiimfuno zomxumi. Oku kuquka uthintelo kunye nokungenelela kwangethuba kunye nonyango kwinqanaba elisekelwe ekuhlaleni okanye lezigulane ezilaliswayo, kunye neenkono zononophelo lwasemva kokuqinisekisa ukubuyiselwa okusebenzayo eluntwini. ISebe likwaphumeze indlela yokudluliselwa ukuze kuqinisekise ukuba amaxhoba eGBV kwiinkonzo zokuhlala ayafikelela kunyango lweSUD kwiZiko loNyango laseKensington. Ukusabela kumngeni okhulayo wephondo wolutsha, iinkonzo zokunyanga izinyobisi ziqhubekile ziphunyezwa kuzo zonke iiCYCC ezikhuselekileyo zeDSD. ISebe landise iinkqubo zalo ezisekelwe ezikolweni ngokwandisa inani leeNPO ezifumana inkxaso-mali ezibonelela ngeenkono zeeSUD zeengcali ezikolweni ukusuka kwezintlanu ukuya kwezisibhozo. Lumalunga nama700 ulutsha oluxhamlileyo kwezi nkonzo kwiindawo ezichongiweyo ezinomngcipheko omkhulu eKuilsvriev, eSteenberg, eSomerset West, eEersteriver, eMatroosfontein, eKraaifontein,

eMacassar, eStellenbosch naseHout Bay. Le mibutho ifumana inkxaso-mali iye yacelwa umngeni kukuvalwa kwezikolo ngenxa yobhubhani weCOVID-19, kodwa nangona kunjalo iqhubekile nokubonelela ngeenkonzongobuchule kwiindawo zokuhlala.

ISebe liphumeza indima esemthethweni ngokubhekiselele kwiinkonzongobantu aBadala, equka ukubhaliswa kweendawo zokuhlala, ukubeka iliso ekuthotyelweni kwemigaqo nemigangatho yokhathalelo kumaziko kwakunye nokukhuthaza amalungelo nesidima saBantu aBadala. Xa kujongwe umngcipheko ophezulu wabantu aBadala, iSebe libonelele ngenkxaso nangenkxaso-mali kumaziko okuhlala afanelekileyo ali117 ukuze kuthintelwe kwaye kulawuleke iCOVID-19. Oku kuquka isibonelelo sePPE kubahlali abangama 9 313; uqeqesho olulodwa lwabanonopheli; ukuququzelelwa kwamavolontiya kumakhaya abantu abadala acoceke nzulu, ingakumbi kwiindawo ezihlwempuzekileyo nakwiindawo ezithandwa kakhulu; kwaye apho kunokwenzeka, ukunikezelwa kwenani elincinane labasebenzi boncedo kwiindawo ezixhaswa ngemali. Inkxaso eyongezelelweyo iquke uphuhliso lwezikhokelo ngentsebenziswano neDoH yothintelo kunye nolawulo losulelo kumaziko ononophelo lwexesha elide.

ISebe liqhubekile ukulwela ukufikelela kumathuba kunye nokukhuthaza amalungelo abantu abakhubazekileyo. NgesiCwangciso esiHlangeneyo soKhubazeko, iSebe liqhubekile ukuthethelela nokuqinisekisa ukubandakanywa kokukhubazeka kuyo yonke inkqubo okanye iprojekthi ephunyezwa liSebe. Njengoko kugqitywe ulwakhiwo eSivuyile ekupheleni konyaka-mali wama2019/20, iSebe libe nako ukusebenzisa ezinye iibhedi ezingama30 ezongezelekileyo ukuze kuhlaliswe abantu abaninzi kwesi sakhiwo sokuhlala kulo nyaka-mali uphelileyo. Ubonelelo nalo lwenziwa kuyo yomibini imivuzo yabongi nabaphumezi benkqubo kumaziko eentsuku ezingama50 ononophelo kubantwana abakhubazeke ngokwasengqondweni. Njengabantu abadala, abantu abakhubazekileyo basemngciphekweni omkhulu ngexesha lobhubhane. Ukuxhasa amaziko ononophelo lwasemini ekukhuseleni abathengi, iSOP kunye nezikhokelo zaphuhliswa kumaziko ononophelo lwasemini kubantwana abakhubazekileyo. Ukulungiselela ukuvulwa kwakhona kwamaziko ononophelo lwasemini, inkqubo yoqeqesho iye yaqhutywa ngentsebenziswano neWCED, iDoH kunye neQonga leNtshona Koloni loKhubazeko ngokwasengqondweni ukuxhobisa onke amaziko ononophelo lwasemini. ISebe likwaphumeze imilinganiselo emininzi yokunciphisa ukusasazeka kosulelo kwiindawo zokuhlala, kubandakanywa ukubonelela ngenkxaso-mali eyongezelelweyo kunye nePPE. Ngenxa yeenkqubo zolawulo eziquhubekayo kunye nokuvalwa komsebenzi kuzwelonke, ukunikezelwa kweenqwelo ezine ezihlala abantu abali16 ezilungiselelwe ukuthutha abantu abakhubazeke ngokwasengqondweni ukuya nokubuya kumaziko abo ononophelo lwalibaziseka. Ezi zithuthi ziya kunikezelwa kunyaka-mali wama 2021/22.

ISebe liqhubekile nokuphunyezwa kweProjekthi yeSanitary Dignity. Inkqubo ibonelela amantombazana aselula nabasetyhini abasebatsha kwizikolo zaseprayimari, ezizisekondari nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwiindawo zoluntu oluhluphekayo kwiPhondo liphela ngeemveliso zococeko ukuze bakwazi ukuya esikolweni xa besiya exesheni ngesidima nangaphandle kokuphazamiseka. KweKwindla wowama2021, ngaphaya kwama 700 000 eepakethi zeephedi eziye zahanjiswa kwizikolo ezingama220, zixhamlisa phantse abafundi abangabasetyhini abangama 95 000 kumaBanga lesi 4 - 12 kwiPhondo liphela.

Izithintelo zokuvaleleka zinyanzelise ukuvalwa kwazo zonke iiYouth Cafés ezili12 kunye neeNPO zophuhliso lolutsha kude kube ngeyeSilimela kowama2020. Eminye imibutho ibe nako ukubonelela ngeenkonzongobuhliso lolutsha kwi-intanethi ezifana nolwazi lwezezimali kunye nophuhliso lobuqu kunye noqeqesho lokukhula ngeli xesha. Ukusabela kwizithintelo eziquhubekayo zokuvalelwa, inkqubo yokulinga yasungulwa, ijolise kulutsha olungama 79 olusuka kwindawo kamasipala waseGarden Route, olufumene uqeqesho lwe-intanethi kunye nenkxaso yenyani kubasebenzi beYouth Café.

Iinzame zokunceda iiNPO ezibhalisiweyo kuwo onke amacandelo ngokuthobela uMthetho weeNPO zibone inkqubo egxininisiweyo yokuxhobisa ngezakhono incedisa iiNPO ezingama701 ngobhaliso kusetyenziswa iDesika yoNcedo yeNPO yePhondo kulo nyaka-mali uphelileyo. Ngaphandle kothintelo lokuvalwa komsebenzi, iSebe likwazile ukusingatha iinkqubo/iindibano zocweyo zoqeqesho ezikwi-intanethi ezingama 25 malunga nokubhaliswa kweeNPO

nokuthotyelwa kwemigaqo, kunye nabathathi-nxaxheba abangama 511 abamele iiNPO ezingama 353 ebezizimasile.

Ushwankathelo lweziphumo zemali zeSebe

Iirisithi zeSebe

Uluhlu A: Iirisithi zeSebe

Iirisithi zeSebe	2020/21			2019/20		
	Uqikelelo	Imali Eyayo Eqokelelweyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho	Qikelela	Imali Eyayo Eqokelelweyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iirisithi zerhafu	-	-	-	-	-	-
Iikhasino	-	-	-	-	-	-
Iirhafu zomdyarho wamahashe	-	-	-	-	-	-
Iilayisensi zotywala	-	-	-	-	-	-
Iilayisensi zemoto	-	-	-	-	-	-
Ukuthengiswa kwempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu	848	779	69	804	739	65
Udluliselo lufunyenwe	-	-	-	-	-	-
Iifayini, izohlwayo kunye nokuhluthwa	-	-	-	-	-	-
Inzala, izabelo kunye nerenti kumhlaba	40	213	(173)	38	50	(12)
Ukuthengiswa kwee-asethi eziyinkunzi	-	-	-	-	-	-
Utshintshiselwano lwemali kwii-asethi namatyala	304	1 116	(812)	288	654	(366)
Iyonke	1 192	2 108	(916)	1 330	1 443	(313)

Iirisithi zeSebe

Ingeniso eyenziwe liSebe ifikelela kwi-0.06 yepesenti yohlahlo lwabiwo-mali lulonke. Eyona mithombo yengeniso yeSebe yile:

- Ukuqokelelwa kwamatyala atyalwa iSebe;
- IKhomishini kwi-inshurensi kunye nokutsalwa komyalelo wegarnishee;
- Ukupaka kunye nemirhumo yendawo yokuhlala ngokomgaqo-nkqubo weDTPW; kwaye
- Ukufunyanwa kweemali ezigqithiselweyo ezingasetyenziswa zonyaka-mali odlulileyo.

Ukuqokelelwa ngokugqithisileyo kwengeniso kunyaka-mali wama2020/21 ngamawaka asiR916 kwaye ngenxa yokwanda kokufunyanwa kwamatyala.

Ukuqokelelwa ngaphantsi kokuthengiswa kweempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi eziyinkunzi ngenxa yokuphunyezwa kwe-Voice Over Internet Protocol (VOIP) eyanciphisa iindleko zeefowuni zangasese ezibangelwa ukuqokelelwa ngaphantsi. Uqikelelo luya kuphononongwa kunyaka-mali omtsha.

Inkcitho yeNkqubo

Uluhlu B: Inkcitho yeNkqubo

Igama leNkqubo	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	229 692	228 727	965	239 828	232 012	7 816
Iinkonzo zeNtlalontle yoLuntu	996 669	992 149	4 520	978 135	960 820	17 315
Abantwana kunye neeNtsapho	864 239	856 233	8 006	751 087	750 070	1 017
Iinkonzo zokuBuyiselwa	440 417	440 417	-	423 130	420 087	3 043
Uphuhliso noPhando	161 217	161 217	-	69 174	68 917	257
Iyonke	2 692 234	2 678 743	13 491	2 461 354	2 431 906	29 448

Inkqubo yokuqala:

Inkqubo ichithe umyinge wama 99.58 epesenti yama R229.692 ezigidi yohlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama 2020/21. Imali engasetyenziswanga engamawaka asi R965 inxulumene nokuchithwa ngaphantsi kweMbuyekezo yabaSebenzi (CoE) ngenxa yokungafumani basebenzi bafanelekileyo kwinkqubo yokugaya, ukunyuselwa kwangaphakathi kunye nokuphuma kwabasebenzi.

Inkqubo yesibini:

Inkqubo ichithe umyinge wama 99.55 epesenti ye-R996.669 yezigidi yohlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama 2020/21. Imali engasetyenziswanga yezigidi ezi R4.520 ibhekiselele ekusetyenzisweni ngaphantsi kweMpahla neNkonzo ngenxa yokulibaziseka kwenkqubo yokuthengwa kweProjekthi yeSanitary Dignity kunye nokuhlawulwa kweeAsethi eziyiNkunzi ngenxa yokulibaziseka kokuthengwa kwezithuthi ezilungiselelwe abantu abakhubazekileyo.

Inkqubo yesithathu:

Inkqubo ichithe umyinge wama 99.07 epesenti yama R864.239 ezigidi ohlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali ka-2020/21. Imali engasetyenziswanga eyi-R8.006 yezigidi ibhekiselele ekusetyenzisweni kancinane kwiintlawulo zokhutshelo kunye nenkxaso-mali ngenxa yeeNPO ezingathotyelwanga kunikezelo lwe-ECD.

Inkqubo yesine:

Inkqubo ichithe i100 leepesenti yama R440.417 ezigidi ezabelwa uhlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama 2020/21.

Inkqubo yesi5:

Inkqubo ichithe i100 leepesenti yeR161.217 lezigidi ezabelwa uhlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama 2020/21.

IiVayamenti

Uluhlu C: Ibonelela ngeenkukacha malunga noKwenziwa kweVayamenti kunyaka ophantsi kovavanyo.

ICandelo eliPhambili ukusuka	Ukuya	R'000	Isizathu
Inkqutyana 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	447	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
Inkqutyana 1.2: Iinkonzo zoLawulo oluManyanisiweyo	Inkqutyana 2.1: Iinkonzo zoLawulo oluManyanisiweyo	2 386	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo yolwazi lwe-IT) izikhokelo zokuhlaziya.
	Inkqutyana 4.2: Uthintelo loLwaphulo-mthetho neNkxaso	1 836	Inflawulo yesondlo kunye neentlawulo zesivumelwano sepropati kumaziko.
Inkqutyana 3.1: ULawulo neNkxaso	Inkqutyana 2.1: ULawulo neNkxaso	614	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
		117	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemiqathango yohlaziyo lwe-IT.
Inkqutyana 3.2: Ukhathalelo neNkonzo kwiiNtsapho	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	135	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
		68	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo ye-IT yokuhlaziya izikhokelo.
Inkqutyana 3.3: Unonophelo noKhuseleko lwaBantwana	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	153	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka..
		1 791	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo ye-IT yokuhlaziya izikhokelo.
Inkqutyana 3.4: I-ECD kunye noKhathalelo oluNgaphelilanga	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	568	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
		36	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo ye-IT yokuhlaziya izikhokelo.
		1 646	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo ye-IT yokuhlaziya izikhokelo.
	Inkqutyana 5.4: Ukuncitshiswa kweNtlupheko kunye noBomi obuZinzileyo	6 981	Inkxaso-mali engxamisekileyo yeNkqubo yokuNceda kokuTya ekuphenduleni ubhubhane we-COVID-19.
Inkqutyana 3.5: Amaziko Osungulo lwaBantwana noLutsha	Inkqutyana 5.6: Uphuhliso loLutsha	100	Iintlawulo ezongezelelweyo kwiYouth Cafés.
	Inkqutyana 5.6: Uphuhliso loLutsha	1	Iintlawulo ezongezelelweyo kwiYouth Cafés.
Inkqutyana 4.1: Ulawulo neNkxaso	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	322	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.

Icandelo eliPhambili ukusuka	Ukuya	R'000	Isizathu
Inkqutyana 4.2: UThintelo loLwaphulo-mthetho neNkxaso	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	75	Ukuthengwa kweelaptops ezongezelelweyo kunye needesktops ngokwemigaqo ye-IT yokuhlaziya izikhokelo.
Inkqutyana 4.3: UkuXhotyiswa kwamaXhoba	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	953	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka..
Inkqutyana 4.4: Ukusetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo kwiSimo sesiqhelo	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	1 728	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
Inkqutyana 5.1: Ulawulo neNkxaso	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	225	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
Inkqutyana 5.3: UkuXhotyiswa kwamaZiko (ICB) nenkxaso kwiiNPO	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	107	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.
Inkqutyana 5.6: Uphuhliso loLutsha	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	507	Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili ngokubaluleka.

Ukudluliselwa

Uludwe D: inika iinkcukacha kudluliselo oluceliweyo 2020/21 to 2021/22.

Inkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo yesi-2: Iinkonzo zeNtlatontle yoLuntu	3 491	Isibophelelo esisemthethweni esivela kumyalelo wenkundla malunga nabantwana abakhubazeke ngokunzulu ngokwasengqondweni. Ukulungiswa kwezithuthi ezikhethekileyo kubantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni akuzange kugqitywe nto leyo ebangele ukulibaziseka kokunikezelwa kwezithuthi..
Inkqubo 2: Ezentlalo Iinkonzo zeNtlatontle	1 029	Ukukhutshwa kweProjekthi yeSanitary Dignity kuye kwalibaziseka ngenxa yezivumelwano zokusasaza eziqale emva kwexesha kulo nyaka-mali.
Ucwangciso 3: Abantwana Neentsapho	2 005	Isabelo-mali esinemiqathango sikazwelonke se-ECD sihlawulela iCECD, Inceba ne-Skoenlappertjies ezisingise kwiphulo iVangasali. Inkcitho engaphantsi kowama-2020/21 yaba ngenxa yokulibaziseka kwentlawulo phambi komhla wama-31 kweyoKwindla wama2021. IziVumelwano zokuDlulisa iintlawulo (iiTPAs) zingenwe kwiiNPO kwaye iSebe linyanzelekile ukuba lihlawule ezi NPO.

Ukugcinwa kwengeniso

Akukho nanye.

Uludwe E: Inika iinkcukacha ngengeniso egciniweyo ukusuka kowama 2020/21 ukuya 2021/22.

Inkqubo	R'000	Injongo
Ayikho		

Izizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo neyilahleko kunye neemali ezibandakanyekayo kunye namanyathelo athathiweyo ukulungisa nokuthintela ukuba kuphinde kwenzeke.

Izizathu zeNkcitho engenaziqhamo neNcithakalo	Isixa	Amanyathelo athathiweyo	Ukuthintelwa kokuPhinda
Igosa liphoswe yinqwelomoya	R 2 879.11	Igqithiselwe kwizinto ezifunyenweyo ukuze zibuyiselwe kwigosa.	Ukwamkelwa kweNkqubo-sikhokelo yeNkcitho kaNondyebo weSizwe (NT) eRhwaphilizo, engenaziqhamo neyilahleko. Ukuqulunqa ii-SOPs kwiNkcitho eNgenelanga neNgenaziqhamo kunye neNcithakalo. Ukuqulunqa uMgaqo-nkqubo kwiNkcitho eNgagunyaziswanga, eNgenaziqhamo kunye neNcithakalo..
Akukho mboniso wokuya kwikhosi (indawo yokuhlala)	R 1 547.30	Igqithiselwe kwizinto ezifunyenweyo ukuze zibuyiselwe kwigosa.	Ukwamkela iNkqubo-sikhokelo yeNkcitho engenaziqhamo neyilahleko. Ukuqulunqa iiSOP kwiNkcitho eNgenelanga neNgenaziqhamo kunye neNcithakalo. Ukuqulunqa uMgaqo-nkqubo kwiNkcitho eNgagunyaziswanga, eNgenaziqhamo kunye neNcithakalo.

Ugqaliselo lwesicwangciso kwixesha elifutshane ukuya kweliphakathi

Ukukhathalelwa nokukhuselwa kwabantwana kuhlala kungumyalelo ophambili weSebe. Ungenelelo ngoncedo kulo mba lubandakanya ukuqhubeka nokubekwa ngokweziko inkqubo ehlanganisiweyo Isibindi, ebandakanya uthungelwano lweenkonzo ezinxibelelanisa amangenelo enkqubo ye-Eye-on-the-Child, ukuthunyelwa kweenkonzo zoluleko kunye neenkqubo zokuQothulwa kwiziko ezixhaswa luhlu lweendidi zeenkono. iinkqubo ezidityanisiweyo nezijoliswe kuko zokuqinisa usapho kunye neenkono zePEI. Ugxininiso kubonelelo lweenkonzo eziyimfuneko kwiintsapho ezisemngciphekweni luya kugcinwa kwaye lubandakanya ukuphuculwa okuqhubekayo kweenkonzo zokhuseleko lwabantwana zeeyure ezingama-24, ukuphunyezwa kweSicwangciso soLawulo lwePhondo lokuLondolozwa kwaBantwana kunye neenkqubo ezininzi kunye nemodeli yenkonzo yeengcali ezinceda abantwana, kukhathalelo olulolunye ukuze baphinde bamanyane kwiindawo zabo. Ukunciphisa umsebenzi osemva wokhathalelo lomntwana, inkqubo yolawulo lwenkathalelo esekelwe kwiwebhu iza kuqaliswa kwiPhondo liphela kunyaka-mali ka-2021/22. Kananjalo iSebe liya komeleza ngakumbi amaziko enxaso kubazali babantwana abakhubazekileyo. Oku kuquka ukuqunjelwa kovavanyo lokubhaliswa kwamaziko anikezela ngononophelo lwethutyana/amaziko ononophelo lwasemini kubantwana abakhubazekileyo ngentsebenziswano necandelo leNPO.

Ukukhathalelwa nokukhuselwa kwabantwana kuhlala kungumyalelo ophambili weSebe. Ungenelelo ngoncedo kulo mba lubandakanya ukuqhubeka nokubekwa ngokweziko inkqubo ehlanganisiweyo Isibindi, ebandakanya uthungelwano lweenkonzo ezinxibelelanisa amangenelo enkqubo ye-Eye-on-the-Child, ukuthunyelwa kweenkonzo zoluleko kunye neenkqubo zokuQothulwa kwiziko ezixhaswa luhlu lweendidi zeenkono. iinkqubo ezidityanisiweyo nezijoliswe kuko zokuqinisa usapho kunye neenkono zePEI. Ugxininiso kubonelelo lweenkonzo eziyimfuneko kwiintsapho ezisemngciphekweni luya kugcinwa kwaye lubandakanya ukuphuculwa okuqhubekayo kweenkonzo zokhuseleko lwabantwana zeeyure ezingama-24, ukuphunyezwa kweSicwangciso soLawulo lwePhondo lokuLondolozwa kwaBantwana kunye neenkqubo ezininzi kunye nemodeli yenkonzo yeengcali ezinceda abantwana. kukhathalelo olulolunye ukuze baphinde bamanyane kwiindawo zabo. Ukunciphisa umsebenzi osemva wokhathalelo lomntwana, inkqubo yolawulo lwenkathalelo esekelwe kwiwebhu iza kuqaliswa kwiPhondo liphela kunyaka-mali ka-2021/22. Kananjalo iSebe liya komeleza ngakumbi amaziko enxaso kubazali babantwana abakhubazekileyo. Oku kuquka ukuqunjelwa kovavanyo lokubhaliswa kwamaziko anikezela ngononophelo lwethutyana/amaziko ononophelo lwasemini kubantwana abakhubazekileyo ngentsebenziswano necandelo leNPO.

UMphathiswa woPhuhliso lweNtlalo weNtshona Koloni uya kukhokela uphuhliso nokuphunyezwa kwesiCwangciso sokuPhumeza iWCG GBV, ngoko esomeleza impendulo yeGBV yePhondo. Ukusebenza kweendawo zokhuseleko ezintandathu ezongezelelweyo zeGBV kwiPhondo kumasipala wesithili saseBergrivier, eSwartland, eHessequa naseCentral Karoo ngo-2021/22 kuya kwandisa ufikelelo kwiisheltha ze-GBV, nto leyo eya kwenza inani lilonke leendawo zokuhlala zibe ngama-25 kwiphondo liphela. Ukusasazwa kwee-SWs ezingama-30 ezinamava okuthintelwa kwe-GBV kunye nenkxaso ekhethekileyo kumaxhoba kwii-ofisi zeSebe zonikezelo lweenkonzo zengingqi nezasekuhlaleni kulo lonke iPhondo kuya kwandisa ngakumbi ukufikeleleka kwenkxaso ngokwasengqondweni kumaxhoba angaphandle kwezi ndawo zokuhlala.

Inkxaso yokutya kwiintsapho ezisesichengeni iya kubonelelwa ngokuphunyezwa kweendawo ekujoliswe kuzo, iSondlo soLuntu kunye neZiko loPhuhliso (CNDC) inkqubo kunye nenkxaso kumakhitshi oluntu. Ukwandiswa kwendawo yebhedi kwiindawo zokuhlala ezingenamakhaya okuphunyezwe ngo-2020/21 njengenxalenye yamanyathelo okuqala e-COVID-19 kuya kugcinwa kwaye iSebe libekele bucala inkxaso-mali yokongeza iibhedi ezingama-500 kunye neenkonzo ezikhaphayo zokubuyiselwa eluntwini kunyaka-mali 2021/22. Iinkqubo zophuhliso lolutsha ziza kuqhubeka nokusebenzisa ubuchwepheshe ukubonelela ngezakhono eziqhubekayo nophuhliso lolutsha kwiphondo.

INTsebenziswano zikaRhulumente zaBucala

Akukho ngxelo.

Imisebenzi eyekiweyo

Akukho ngxelo.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho ngxelo.

Ulawulo lwekhonkco lonikezo

Izindululo zobizo-maxabiso ezingafunwanga zaqakunjelwa kulo nyaka uphononongwayo

ISebe alikhange ligqibe naziphi na izivumelwano zesindululo sesicelo esingacetywanga kulo nyaka uphantsi kovavanyo.

Iinkqubo zeSCM kunye neenkqubo ezikhoyo zokuthintela inkcitho engaqhelekanga

IInkqubo yamaGosa oCwangciso-mali (AOS) elawula uLawulo lweNtengo (SCM) kunye nemisebenzi yolawulo lwempahla eshukumayo ikhona. Ngelixa iAOS ithetha kwaye imisela imiba yomgaqo-nkqubo woBonelelo kunye noLawulo lwee-Asethi ezishenxisekayo kwiSebe, abathunywa beSCM bamisela amandla okwenza izigqibo anika impembelelo kwiinkqubo ze-AOS. Ilawula izenzo zeziko kunye nezolawulo kwimisebenzi yemihla ngemihla yeSCM kwaye xa ilandelwa iya kuthintela inkcitho engaqhelekanga.

Iimingeni efunyenwe kwiSCM kunye nendlela eyasonjululwa ngayo

Iimingeni ephathelele ekuphunyezweni komxholo wengingqi, ngokukodwa ngokumalunga nokunikwa kwengxelo kwangexesha, ifunyenwe kunyaka-mali ka-2020/21 kodwa yasonjululwa ngoMyalelo woLawulo lweMali nowathi wamisela amaxesha, iinkqubo kunye nemigaqo yokunika ingxelo kwiSebe lezemali. Urhwebo, uShishino kunye noKhuphiswano (DTIC).

Ukuphunyezwa kwemiyalelo enxulumene ne-COVID-19 evela kwi-NT kunye ne-Ofisi kaNondyebo wePhondo (PT) ibe ngumceli mngeni kuba imihla yokuphunyezwa kwale miyalelo kwezinye iimeko ibe ngoko nangoko ukusuka kumhla wokukhutshwa. Ukuntsonkotha kokuphunyezwa kweenkqubo ezikhoyo kunye nokufumana imiyalelo evunyiweyo ngokwemigaqo yesebe, kubangele ulibaziseko kwezinye iimeko. Oku kwasonjululwa ngokudala ulwazi oluthe kratya kwimiyalelo ekhutshiweyo kunye nokubandakanya abachaphazelekayo ngaxeshanye kumxholo ngelixa imiyalelo ibisiwa ukuze yamkelwe.

Uludwe F: Izipho kunye neMinikelo efunyenwe ngobubele kumaqela angaxulumananga

Ukufumana iziko	Ubume bomnikelo/isipho/inkxaso	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane nabasebenzi	Ixabiso leRandi lesipho/ umnikelo
Indawo yokuhlala eyiSivuyile	iITeddy bear	Triple Heartbeat Foundation	Umnikeli	2 000.00
Indawo yokuhlala eyiSivuyile	Izinto zangasese kunye nezinto ezisetyenziswa ekutyeni	Nkszn. De Maio, Langebaan, 083 495 7512	Iqela lenkxaso	12 000.00
Indawo yokuhlala eyiSivuyile	Iijingi, Izikali	Scales Incorporated, Friends of Thembaletu, Isitalato i14 Nikkel, eBrackenfell, P.O. Box 391	Iqela lenkxaso	3 000.00
Indawo yokuhlala eyiSivuyile	Impahla	Selandia Louw, 071 689 4341, Selandia.S@gmail.com	Yabucala	2 000.00
Outeniekwa	Izipho ezahlukeneyo ezinexabiso elingaphantsi kwama-R500 inye	Abaxhasi abohlukeneyo	Yabucala	1 000.00
IMetro East	IiPakethi zokutya	Sivuyile Bokwe, Bokwe's Security Services, Isitalato i44 Long, eKuilsriver, 7580 Isitalato i44 Long, eKuilsriver, 7580	Umboneleli ngeNkonzo yoKhuseleko kuMmandla weMetro East	1 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Iipasile	Indonesion Embassy: 124 Rosmead Avenue, eKenilworth	Umnikeli	49 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Izikhuselelo zobuso	SAB: 3 Main Road, eNewlands	Umnikeli	147 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Izifonyo zobuso	Rowan Tree: Unit 9 Meadowhill Industrial Park, Isitalato i3 Essex, eGermiston	Umnikeli	150 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Ama-Orenji	Ruben Richards Foundation: 85 Klipfontein Road eRondebosch	Umnikeli	120 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Ii-Noodles	Kelloggs Company of South Africa: Woodmead Drive, eSandton	Umnikeli	80 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Iibhiskithi	Mantellis: Westlake Business Park, 46 Bell Crescent, Westlake, Simon Mantell	Umnikeli	73 000.00

Ukufumana iziko	Ubume bomnikelo/isipho/inkxaso	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane nabasebenzi	Ixabiso leRandi lesipho/ umnikelo
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	lipasile zokutya	MTN: Sable Park, South Towers, 14 Bridge Road, eCentury City	Umnikeli	1 000 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	likuki	Mauritian Consul: 1 Victoria Road (Unit 2), eClifton	Umnikeli	16 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	lisepha	Unilever: 15 Nollsworth Crescent, Nollsworth Park. eKZN	Umnikeli	480 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Izifonyo zobuso	NGK Clanwilliam: Church Street eCitrusdal	Umnikeli	3 000.00
Uphuhliso loLuntu kunye neNtsebenziswano (UNdlunkulu)	Isicoci sezandla	Distell: Jolene Henn, Adam Tas Road eStellenbosch	Umnikeli	17 000.00
INgingqi yoNxweme oluseNtshona	Ifenitshala yeOfisi	ABC Cash Store, Hoogstreet, eVredendal	Yabucala	2 000.00
I-Ofisi yeNgingqi yase-Overberg yaseCape Winelands	Inkqubo ekhethekileyo yeKrisimesi Santa Shoe Box	Nasreen Mia, Lance Mentoer, Christo Anderson, Sonja Ross, Sherry- Lee Asia	Ubuhlobo	2 000.00
I-Ofisi yeNgingqi yase-Overberg yaseCape Winelands	lipakethi ezisi-8 ezinkulu zamanabukeni alahlwayo abantwana kunye neepakethi ezi-2 zamanabukeni zabantu abadala	Nkskz Cristelle Wium Abattoir Street, Industria, eWorcester 6850	Umxhasi wenkampani yomsebenzi wentlalontle	1 000.00
Mphathiswa	Izipho ezahlukeneyo ezinexabiso elingaphantsi kwama-R500 inye	Various Donors	Yabucala	2 000.00
Metro South	Izinto zokudlala zabantwana, itafile kunye nezitulo, iiDVD, indawo yokubeka iincwadi, iblu ray player DVD kunye nomabonakude (TV)	Mnu Neal Saunderson, Velocity, Sports Lab, Hout Bay	Umnikeli	12 000.00
Clanwilliam	Isiqhamo	JA Engelbrecht- Lambertsbay	Yabucala	1 000.00
Vredelus	World Spectrum Books, intlama yamazinyo	Ronell Gouws	Yabucala	2 000.00

Ukufumana iziko	Ubume bomnikelo/isipho/inkxaso	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane nabasebenzi	Ixabiso leRandi lesipho/ umnikelo
Eden Karoo	limveliso zomntwana (Inapkeni, ubunyulu kunye nesidudu somntwana)	Stephanie Fourie, 24 Marsh Street, Mossel Bay	Yabucala	1 000.00
I-Ofisi yeNgingqi yeMetro North	lingubo ezingama-24, iimpahla zokulala, iincwadi, izinto zasekhitshini, iembroidery, iimpahla zabantu abadala, iikomityi, amakhadi esipho	Abaxhasi abohlukeneyo	Yabucala	5 000.00
Lindelani Child and Youth Care Centre	Izinto zokubhala neelekese	Mnu noNkskz M Rousseau	Amavolontiya	6 000.00
Okunye	Izipho ezahlukeneyo ezinexabiso elingaphantsi kwama-R500 inye	Abaxhasi abohlukeneyo	Yabucala	1 000.00
Iyonke				2 191 000.00

Ukukhululwa kunye nokutenxa ezifunyenwe kwi-Ofisi kaNondyebo weSizwe:

Akukho nanye.

Iziganeko emva komhla wokunika ingxelo

IsiGqeba esiLawulayo sivume umhlala-phantsi phambi kwexesha ngaphandle kwesohlwayo kumagosa angama-34 achaphazela unyaka-mali ka-2021/2022 no-2022/2023.

Okunye

Akukho nanye.

Ukuxabisa kunye nesiphelo

Isiphumo	Imveliso	Isalathisi semveliso	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2018/19	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okuCwangcisi weyo 2020/21	Eyona mpumelelo 2020/21	Ukutenxa kobekujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2020/21	Izizathu zokutenxa
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	linkonzo zenkxaso yengqondo nezentlalo ziyafumaneka kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela.	4.3.1.2 Inani lamaxhoba obundlobongela nodlame athe afikelela kwiinkonzo.	N/A	Isalathisi esitsha	1 250	588	-662	Ubhubhane weCOVID-19 ubenefuthe elibi kwinani lamaxhoba afikelelayo.
	linkonzo ziyafumaneka kumaxhoba okurhweba ngabantu.	4.3.1.3 Inani lamaxhoba okurhweba ngabantu kunye nabantwana babo abathe bafikelela kwiinkonzo zentlalo ntle.	N/A	Isalathisi esitsha	20	13	-7	Kuxhomekeke ekuthunyelweni kweSAPS.
	Ukubonelela ngendawo yokuhlala ekhuselekileyo kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela.	4.3.1.4 Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zokuhlala kumaziko eNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba afumana inkxaso-mali.	N/A	Isalathisi esitsha	1 730	1 963	233	Oko bekujoliswe kuko kugqithiwe kulo nyaka. Ubhubhani weCOVID-19 uqaqambise imfuneko yendawo yokuhlala ekhuselekileyo yabasetyhini nabantwana.

Iimpumelelo zenkqubo

- ISebe lityumbe iiGBV SW ezingama-30 ukomeleza indlela yokusabela kwiGBV kwaye, kunye neDPWI kaZwelonke kunye neWCG DTPW, lenze iindawo zokusithela zeGBV ezongezelelweyo zifumaneka kwiPhondo (kumasipala wesithili saseBergrivier, eSwartland, eHessequa naseMbindi Karoo) ezizisa inani lilonke lezo ndawo zokuhlala ukuya kuma-25. Eyokuqala kwezi ndawo zokuhlala zeGBV yaphehlelelwa kuMasipala weSithili waseMbindi Karoo ngomhla wama-26 kweyoKwindla 2021.
- Ngexesha lezigaba zokuqala zokuvalwa komsebenzi kuzwelonke, kunye nokusabela kubhubhani weCOVID-19, iSebe kunye namahlakani alo e-NPO baphuhlise kwaye baphumeza imigaqo yezempilo nokhuseleko kuzo zonke iindawo zokuhlala ezifumana inkxaso-mali kwiDSD eNtshona Koloni. Ezi prothokholi zempilo nokhuseleko bezibalulekile ekugcineni amanqanaba asezantsi osulelo lweCOVID-19 ngelixa ngaxeshanye ikhusela impilo kunye nempilo yabasebenzi kunye nabaxumi kwiindawo zokuhlala.
- ISebe libonelela ngeenkonzo zenkxaso kumaxhoba okwenzakala ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni okanye ngokwasemoyeni ngolwaphulo-mthetho okanye ubundlobongela, kubandakanywa amaxhoba obundlobongela basekhaya. Ngenxa yokwanda kogonyamelo lwasekhaya ePhondweni, kwaqhutywa iqela leendibano zocweyo zemfundo ezazikho namadoda ali-132 kwiindawo ezinogonyamelo lwasekhaya, njengeHout Bay, Ocean View neMasiphumelele.
- Ii-TCC eNtshona Koloni zihleli zibalulekile ekuboneleleni ngofikelelo kwiinkonzo zexesha elide zokhathalelo lwasengqondweni kumaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo akhoyo kula maziko. Kulo nyaka uphantsi kovavanyo, iSebe liqhubekile nokomeleza nokuphucula iphakheji yokhathalelo kumaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo, ngokuqesha iiSAW kunye neSW kwiPaarl TCC esandula ukusekwa.

Iqhinga lokoyisa imimandla engasebenzi kakuhle

- ISebe liza kuthethathethana namahlakani alo eeNPO ukuchonga iindlela ezizezinye zokubonelela ukufikelela kwiinkonzo kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela, kunye nokujongana neendlela zokuthunyelwa kweSAPS, ukwandisa ulwazi ngeenkonzo ezinikezelwa kwiindawo ezichaphazelekayo.
- Ngaphaya koko, iSebe liza kuqhubeka nokuququzelela uqeqesho kunye neeGBV SW ekuchongeni amaxhoba okurhweba ngabantu.

Iziphumo, iimveliso, izalathisi zemveliso, ekujoliswe kuko kunye neyona mpumelelo

Inkqutyana 4.4 Ukusetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi semveliso	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2018/19	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okuCwangcisiweyo 2020/21	Eyona mpumelelo 2020/21	Ukutenxa kobekujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2020/21	Izizathu zokutenxa
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	linkonzo zonyango lwezigulana ezilaliswayo ziyafumaneka.	4.4.1.1 Inani labasebenzisi benkonzo abathe bafikelela kwiinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiiNPO ezifumana inkxaso-mali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD. ²¹	1 243	1 300	1 210	692	-518	Izibonelelo zezigulana zisebenza ngomthamo ocuthiweyo ngenxa yezithintelo ze-COVID-19, imigaqo yokhuseleko kunye nemigaqo yomthetho.
	linkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni ziyafumaneka.	4.4.1.2 Inani labasebenzisi benkonzo abafikelele kwiinkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni.	3 346	2 961	3 500	2 100	-1 400	Izithintelo zokuvaleleka yi-COVID-19 kubangele ukuba abasebenzisi benkonzo abambalwa bafikelele kwiinkonzo. Ngaphaya koko, ukufikelela kwiinkonzo ezikolweni kuchatshazelwa kakubi kukulwa kwexesha elide kwezikolo ngexesha lokulwa kwezikolo.

²¹ Esi salathi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani labantu abafikelela kwiinkqubo zothintelo nonyango".

Inkqutyana 4.4 Ukusetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi semveliso	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2018/19	Uphicotho lweyona ntsebenzo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okuCwangcisiweyo 2020/21	Eyona mpumelelo 2020/21	Ukutenxa kobekujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2020/21	Izizathu zokutenxa
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	inkonzo zokungenelela kwangethuba zokusetyenziswa kweziyobisi ziyafumaneka.	4.4.1.3 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zokungenelela kwangethuba kusetyenziso gwenxa lweziyobisi. ²²	7 343	6 373	7 000	4 320	-2 680	Kuxhomekeke kwiimfuno zoluntu kunye nokungena. Ukuphunyezwa kongenelelo lwamaqela amancinci ukuthobela imigaqo yeCOVID-19, nako kube nefuthe elibi kunikezelo lwenkonzo.
	inkonzo zononophelo lwasemva konyango kunye nokubuyiselwa eluntwini ziyafumaneka.	4.4.1.4 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kubudlelwane bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi. ²³	2 258	1 821	2 416	1 595	-821	Imithetho yeCOVID-19 kunye neeprothokholi zinefuthe elibi ekuthunyelweni kwiindawo zonyango okubangele ukuba abathengi abambalwa bathathe inxaxheba kwiinkqubo zokhathalelo lwasemva kwexesha.

Iimpumelelo zenkqubo

- ISebe lizandisile iinkqubo zalo ezisekelwe ezikolweni yaye kungoku nje lixhasa ngemali imibutho esibhozo ebonelela ngeenkonzo zeengcali zeSUD ezikolweni. Ulutsha olungama-666 luxhamle kwezi nkonzo kwiindawo ezichongiweyo ezinomngcipheko omkhulu eKuilsvier, eSteenberg, eSomerset West, eEersteriver, eMatroosfontein, eKraaifontein, eMacassar, eStellenbosch naseHout Bay. Ngaphandle kokuvalwa kwezikolo ngenxa yobhubhani weCOVID-19, le mibutho ikhankanyiweyo ngasentla iqhubekile nokubonelela ngeenkonzo ngendlela entsha kwiindawo zokuhlala.
- ISebe liququzelele ukuxhotyiswa ngezakhono kunye noqeqesho lwabafundi abasele benezidanga kunye nabo bangekabinazidanga abagxile ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi/kulawulo lweenkqubo zolawulo lomlutha. Bangama-25 bebonke abafundi abangekathweswa

²² Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani labantu abafikelela kwiinkqubo zothintelo".

²³ Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani lamaxhoba okusetyenziswa gwenxa kweziyobisi afikelela kwiinkqubo zenkxaso".

izidanga bagqibe izifundo zesiqinisekiso sokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwiYunivesithi yaseKapa kwaye abafundi abasele benezidanga abangama-24 bebonke bagqibe iikhosi zeDiploma kwiYunivesithi yaseKapa nakwiYunivesithi yaseStellenbosch ngokulandelelanayo, ngexesha lokunika ingxelo.

Iqhinga lokoyisa imimandla enentsebenzo ephantsi

- ISebe liza kuthethathethana namaziko onyango lweziyobisi zeeNPO malunga nesidingo senkxaso-mali yeendawo zokulala ezongezelelweyo.
- Inkqubo iya kukhuthaza ukubandakanyeka kosapho ukunciphisa izinga eliphezulu lokulahlwa kunye nokwala unyango. Ukonyuka kwenani labasebenzisi benkonzo kunye nokunyenyeselwa kokovalwa komsebenzi kunye nemithetho yokungena ekuhlaleni.
- Imibutho efumana inkxaso-mali iye yamkela ezinye iindlela zokungenelela, ezifana neenkonzo ze-intanethi/zomnxeba/zobuso ngobuso, kubasebenzisi benkonzo ababhalisele inkqubo yonyango. Ukongeza, imibutho efumana inkxaso-mali kufuneka iyile iiMemorandum zokuQondana (MOUs) nezikolo ezichaza imigaqo yongenelelo ngoncedo olusekelwe ezikolweni.
- Imibutho efumana inkxaso-mali iceba ukwandisa kunye nokomeleza iinkqubo zabo zokuthumela kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukwandisa amanqanaba okuthatha.

Ukunxulumanisa umsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Le Nkqubo isebenzise i100 leepesenti yeR440.417 yezigidi ezabelwa uhlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama2020/21. Inkqubo iye yachitha ipesenti ezingama-99.28 yesabelo-mali sayo esingama-R423.130 ezigidi kunyaka-mali ka-2019/20. Imali engasetyenziswanga eyi-R3.043 yezigidi ibhekiselele ekusetyenzisweni kancinane kwi-CoE ngenxa yokunyuselwa kwangaphakathi kunye nokuphuma kwabasebenzi. Ukuchithwa ngaphantsi kweNtlawulo zee-Asethi eziyiNkunzi kungenxa yokulibaziseka ekuthengweni kwezixhobo zeofisi nefanitshala.

Uludwe J: Inkcitho yenkqutyana

Igama lenkqutyana	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
linkonzo zokuBuyiselwa kweXeko	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo neNkxaso	3 578	3 578	-	3 949	3 949	-
UThintelo loLwaphulo-mthetho kunye neNkxaso	272 222	272 222	-	265 630	262 679	2 951
UkuXhotyiswa kwexhoba	63 860	63 860	-	50 560	50 472	88
Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uThintelo noBuyiselo kwiSimo sesiqhelo	100 757	100 757	-	102 991	102 987	4
Iyonke	440 417	440 417	-	423 130	420 087	3 043

4.5 Inkqubo 5: Ezingophuhliso Nophando

Injongo

Kukunikezela ngeenkqubo zempilo esekelwe kuzinzo, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu, ngkusekelwe kwiinkqubo zophando ezinobungqina kwakunye neenkukacha ezingamanani oluntu.

Iinkqutyana

Inkqutyana 5.1: Ezingolawulo Nenxaso

Inkqutyana 5.2: Ezongokuvuselelwa Koluntu

Inkqutyana 5.3: Ezingokuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono (ICB) kwakunye Nenxaso kwiiNPO

Inkqutyana 5.4: Ezingokupheliswa Kwentlupheko kunye Nempilo Esekelwe Kuzinzo

Inkqutyana 5.5: Ezingophando Olusekelwe Kuluntu Ekuhlaleni kwakunye Nocwangciso

Inkqutyana 5.6: Ezingophuhliso Lolutsha

Inkqutyana 5.7: Ezingophuhliso Lwamanina

Inkqutyana 5.8: Ezingokuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Engabemi

Iziphumo

Inkqubo ephuculweyo yolawulo lwamaqumrhu nokuhanjiswa kweenkonzo.

Abantu abasemngciphekweni bafumana inkxaso kwezesondlo.

Ulutsha lwenza izigqibo eziphilileyo, ezisempilweni ngobim nezivuselela intalo-ntle yalo.

Inkqutyana 5.2 Ezingokuvuselelwa Koluntu
La malinge alawulwa kumasebe ngamasebe kwezi Nkqutyana.

Iziphumo, iimveliso, izalathisi zeemveliso, iithagethi kwakunye nezona zinzuzo

Inkqutyana 5.3 Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono(ICB) ndawonye Nenxaso kwiiNPO								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi Semveliso	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2018/19	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2019/20	Iithagethi Yonyaka Ecwangcisiweyo 2020/21	Eyona Nzuzo 2020/21	Ukutenxa kwithagethi emiselweyo ukuya Kweyona Nzuzo ka-2020/21	Izizathu zokutenxa
Ulawulo lwequmrhu oluphuculweyo kwakunye nenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.	IiNPOs zixhotyiswa ngezakhono.	5.3.1.1 Inabi leeNPOs ezithe zaxhotyiswa ngezakhono. ²⁴	488	848	712	330	-382	Ngenxa yemigaqo yeCOVID-19, ambalwa amalinge athe enziwa ze kwarhoxiswa nezinye iinkqubo ebezicwangcisiwe.
	IiNPOs zancedwa ngenkquob yokubhalisa.	5.3.1.2 Inani leeNPOs ezithe zancedwa kwinkqubo yokubhalisa.	1 229	1 552	798	701	-97	Ukuvalwa kweDesika Yoncedo kwiiNPOs kwisithuba seenyanga ezintandathu zokuqala zonyaka ngenxa yomvatele-ndlwini obe ngumvuka wezithintelo zeCOVID-19 kuye kwayichaphazela kakubi intsebenzo.
	Lukho uqeqesho kwinkxaso yezolawulo kwiiNPOs.	5.3.1.3 Inani leeNPOs ezithe zavakalisa kwinkqubo yovavanyo lwangaphambili nolwasemva koko ukuba ulwazi lwazo luthle lwaphucuka emva koubuza zithe zafumana uqeqesho oluxhasa ezolawulo.	12	12	12	12	-	-

²⁴ Esi salathisi sayanyanise nesi salathisi seMTSF esithi "Inani leeCSO ezithe zaxhotyiswa ngezakhono".

Inkqutyana 5.3 Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono(ICB) ndawonye Nenxaso kwiiNPO								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi Semveliso	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2018/19	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2019/20	Ithagethi Yonyaka Echwangcisiweyo 2020/21	Eyona Nzuzo 2020/21	Ukutenxa kwithagethi emiselweyo ukuya Kweyona Nzuzo ka-2020/21	Izizathu zokutenxa
Ulawulo lwequmrhu oluphuculweyo kwakunye nenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.	Inkqubo yokuxhobisa iyafikeleleka kwiiNPOs.	5.3.1.4 Inani leeNPOs ezisemngciphekweni ezithe zafumana uqeqesho lwenkqubo yokuxhobisa ngezakhono ezilwazi, zinkqubo nazakhono zithe zaphuculwa.	12	12	12	0	-12	Ukunqunyanyiswa kokuqalwa kwanokuhanjiswa kwenkqubo yokuxhobisa ngezakhono ngenxa yezithintelo zeCOVID-19 kwaye kwakhokelela ekungagqityweni kwale nkqubo ngo-2020/21. Noko ke, le nkqubo yokuxhobisa iya kuqosheliswa apha ku-2021/22.

Iinzuzo zale Nkqubo

- ISebe lasindleka iinkqubo/ucweyo zoqeqesho ezingama-25 kwiindawo na-online ekubhalisweni kweeNPO kwanasekuthotyelweni kwemigaqo nabathabathi-nxaxheba abangama-511 ababemele iiNPO ezingama-353.

Isicwangciso-qhinga sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho mgangathweni

- Ngenxa yezithintelo zomvalela-ndlwini lweCOVID-19 inkqubo yokuxhobisa ngezakhono yathi yalibaziseka. Le nkqubo, eyayizinyaswe ziiNPO ezili-12, iya kube sele iqoshelisiwe ekupheleni kwekota yokuqala kunyaka-mali u-2021/22. Iiyure zokusebenzisa zeDesika Yoncedo kwiiNPO zazixhomekeke kwizithintelo zomvalela-ndlwini. Le nkonzo iya kuqhuba nokunceda abaxhamli abaninzi kangangoko xa zivuma iimeko.

Iziphumo, iimveliso, izalathisi zeemveliso, iithagethi kwakunye nezona zinzuzo

Inkqutyana 5.4 Ukupheliswa Kwentlupheko Kwanempilo Enozinzo								
Olsiphumo	Imveliso	Isalathisi Semveliso	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2018/19	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2019/20	Iithagethi Yonyaka Ecwangcisiweyo 2020/21	Eyona Nzuzo 2020/21	Ukutenxa kwithagethi emiselweyo ukuya Kweyona Nzuzo ka-2020/21	Izizathu zokutenxa
Abantu abasemngciphek weni bayayifumana inkxaso yesondlo.	Abantu abasemngciphek weni bafumana izidlo zamihle le.	5.4.1.1 Inani lezidlo ezinenkxaso-mali ezithi zinikwe abantu abasemngciphekweni kwiindawo ezixhaswa ngemali lisebe kwakunye neeCNDC ²⁵ .	Ayikho	6 092	9 536	14 685	5 149	Isidingo esongezelelweyo seenkonzo ngenxa yombulala-zwe iCOVID-19.

Inzuzo yale Nkqubo

- Ukuya kuthi ga ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka-2020, le Nkqubo yathi yaphumeza iNkqubo yeCNDC, nto leyo yathi yakhokelela ekudluliselweni ngokuyimpumelelo kwamaziko esondlo soluntu ezingama-20 kuya kulandisa nangakumbi ifuthe leSebe kwezesondlo kweli Phondo, inikezela kwawona makhaya asemngciphekweni inkxaso yesondlo.
- Ngapha koko, amalinge eSebe ohlangulo ngezidlo ngenxa yeCOVID-19, iNqubo le ihambise iipasile zokutya ezingama-55 977 kubaxhamli abaselungelweni abangama-223 908. Okunye, abanye abaxhamli abangama-57 961 bathi banikwa izidlo eziphekiweyo mihla le kwiPhondo ngokubanzi kwiindawo esezikho kakade zesondlo, ngentsebenziswano neeNPO.

Isicwangciso-qhinga sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho mgangathweni

Asikho.

Inkqutyana 5.5 Ezingophando Nocwangciso Olusekelwe Kuluntu Ekuhlaleni
La malinge aphantsi kolawulo lwamasebe ohlukeneyo kwakwezi Nkqutyana.

²⁵ Esi salathisi sayanyanise nezalathisi zeMTSF ezithi "i-% yamakhaya angakhuselekanga nasemngciphekweni athi afikelele kwizidlo ngokwamalinge ezidlo nokhuseleko/ i-% yabantu abasemngciphekweni wendlala abafikelele kwizidlo ngokwamalinge ezidlo nawokhuseleko lwezidlo".

Iziphumo, iimveliso, izalathisi zeemveliso, iithagethi kwakunye nezona zinzuzo

Inkqutyana 5.6 Uphuhliso Lolutsha								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi Semveliso	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2018/19	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2019/20	Iithagethi Yonyaka Echwangcisiweyo 2020/21	Eyona Nzuzo 2020/21	Ukutenxa kwiithagethi emiselweyo ukuya Kweyona Nzuzo ka-2020/21	Izizathu zokutenxa
Ulutsha lwenza izigqibo eziphilileyo, ezisempilweni ngobim nezivuselela intalo-ntle yalo.	Zikho iinkqubo zophuhliso lwezakhono zolutsha.	5.6.1.1 Inani lolutsha oluthabatha inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono.	14 473	16 315	15 000	12 229	-2 771	Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwiindibano zoqeqesho kwakubambezelekile ngenxa yezithintelo zomvalela-ndlwini weCOVID-19, ngelixa amaxabiso edata nawo ayeyishwabanisa intabatho-nxaxheba kuqeqesho olu-online.
	Ulutsha lwayanyanise nemisebenzi kwakunye namathuba ophuhliso lwezakhono.	5.6.1.2 Inani lolutsha oluthe lwafakwa kumathuba emisebenzi nawophuhliso lwezakhono kwiinkonzo zethu.	4 797	6 334	3 980	2 117	-1 863	Ukuqhambuka kweCOVID-19 kwehlisa inani lamathuba engqesho afikelelekayo kulutsha ze kwanciphisa nokuthatyathwa kwenxaxheba lulutsha kwezi nkqubo.
	IiYouth Cafés ezixhaswa ngemali ziyasebenza.	5.6.1.3 Inani leeYouth Café ezixhaswa ngemali.	11	13	13	12	-1	Ngenxa yokusiwa kumanye amacala kwemali, iYouth Café yaseCape Agulhas yathi yavalwa.

linzuzo zale Nkqubo

- Umbulala-zwe iCOVID-1kwakunye nezithintelo zomvalela-ndlwini zanyanzelisa ukuba zizinqumamise zonke iinkonzo iinkonzo zazo zolishumi elinambini iiYouth Cafés kunye neeMibutho Yeenkonzo Zoluntu elishumi elinethoba ezazijoliswe kulutsha lweli Phondo. Ekusabeleni, iSebe lamisela inkqubo eyayisacwangciswa eyayigxile kubantu abatsha abangama-79 ababephuma kwingingqi kaMaspala waseGarden Route, abathi baxhamla kuqeqesho lwa-online kwakunye nenkxaso kubasebenzi beYouth Café.
- Ngapha koko, iSebe, ndawonye namahlakani alo akwicandelo leeNPO, laqhuba noqeqesho lwalo lophuhliso lolutsha nezakhono kwiingingqi ezisemaphandleni, laqesha abantu abatsha abalithoba njengabaqeqeshwa kwingingqi kamaspala waseCape Augulhas kwanabantu abatsha abangama-24 ngokwenkqubo yophuhliso yeSebe Lesizwe Lophuhliso Loluntu kwezophuhliso lobunkokheli. Ngapha koko, abantu abatsha abangama-20 bathi baxhamla kuqeqesho lwezakhono zobuchwepheshe kwiYouth Café yaseGreat Brakriver neyaseVilliersdorp, ngokwelingi i-"I-CAN-LEARN" ngentsebenziswano neSebe Lophuhliso Loqoqosho Nezokhenketho (iDEDAT), ibavulela amathuba okuba ngababheshi beenkqubo kwiiYouth Cafés.
- Kwathi kwadalwa amathuba angama-95 e-kulutsha olwaxhamla kuqeqesho yokuvuselela izakhono zalo kwanokulungela ingqesho.
- Ngapha koko, iSebe lanikezela ngezifundo zolwimi lwemiqondiso kwakunye noqeqesho olugunyazisiweyo kwezoshishino kulutsdha olungama-262 njengenxalenye yokuthathelwa ingqalelo kokukhubazeka kulutsha. Ngaphezu koko, bangama-272 abantu abatsha abathi baxhamla kuqeqesho lokukhuthaza nokuthuthuzela olwalusekelwe kuluntu ekuhlaleni kulo nyaka siwuxovulayo ngenjongo yokuvuselela ukunyamezela nokhuseleko lwabo.

Isicwangciso-qhinga sokoyisa intsebenzo engekho mgangathweni

- ISebe ndawonye nemibutho yalo efumana inkxaso-mali liqulunqa ezinye iindlela zokuqeqesha lisebenzisa amaqonga obuchwepheshe ukuze lisebenzisane ze linxibelelane nolutsha lweli Phondo.
- ISebe liya kuqhuba nemisebenzi yalo eluqilima neqhubayo yokuhlola nokubonisana nemibutho efumana inkxaso-mali ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kweeTPA ngokugqibeleleyo.

Inkqutyana 5.7 Uphuhliso Lwamanina

La malinge aphantsi kolawulo lwamasebe ohlukeneyo kwakwezi nkqutyana.

Iziphumo, iimveliso, izalathi zemveliso, iithagethi kunye nezona zinzuzo

Inkqutyana 5.8 Ukuphakanyiswa Komgaqo-nkqubo Wamanani Abemi								
Isiphumo	Imveliso	Isalathisi Semveliso	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2018/19	Eyona Ntsebenzo lthe Yaphicothwa ka-2019/20	Iithagethi Yonyaka Ecwangcisiweyo 2020/21	Eyona Nzuzo 2020/21	Ukutenxa kwithagethi emiselweyo ukuya Kweyona Nzuzo ka-2020/21	Izizathu zokutenxa
Yinkqubo yolawulo ephucukileyo kwakunye nenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.	Luphando ngezabemi kwanokuhlola ngenjongo yokuhlalutya abemi kwakunye nemeko yophuhliso.	5.8.1.1 Inani lamaphulo ophando ngabemi kwanohlolo lwabo athe aqosheliswa.	7	12	7	7	-	-
	Iinkqubo ziphunyezwa ukuphakamisa ulwazi nokuqondakala kwemiba engabemi nophuhliso lwabo.	5.8.1.2 Inani leendibano zokuxhotyiswa ngezakhono kwabemi ezitheza aqosheliswa.	Ayikho	Sisalathisi Esitsha	6	6	-	-
	Iintshukumo zeengcaciso, iinkcukacha, imfundo kunye nezonzibelelwano ziyaphunyezwa.	5.8.1.3 Inani leentshukumo zeengcaciso ngezabemi, iinkcukacha(IEC), imfundo kunye nezonzibelelwano ziyaphunyezwa.	Ayikho	Sisalathisi Esitsha	4	4	-	-

Iinzuzo zale Nkqubo

- Ngethuba leli xesha iSebe liye lanikezela inkxaso yezobuchwepheshe isebenzisa iinkcukacha kunye nobungcali kumaqela ahlukeneyo amaqumrhu ngamaqumrhu nkarhulumente asebenza ngokusabela njengephondo kwiCOVID-19. Inkxaso eyanikezelwayo yaquka: ukucwangciswa kwenkqubo yokuhanjiswa kweepasile zokutya kumaziko esondlo kwinkalo yephondo, yemimandla yeDSD kwakunye neyoomaspala bezithili nabamakhaya kwanakwinqanaba lewadi ndawonye nophuhliso lweQonga Lohlangulo elanikezela iinkcukacha

ngenkqubo yokusabela yeWCG kumalungu eKhabhinethi yePhondo – ubukhulu becala rhoqo ngeveki – ngenjongo yokunikezela inkxaso ekuthatyathweni kwezigqibo. ISebe likwafake igxalaba ekuqulunqweni kwesicwangciso-qhinga seendawo ekujoliswe kuzo sezithilana zezempilo eKlipfontein naseMitchells ngokuthi kuchongwe ze kucwangciswe ngokweendawo ezaziwa zizezona isasazeka kuzo iCOVID-19 ngokwengingqi kwezi ndawo isasazeka kakhulu kuzo.

- Le nkqubo ivelise iinkalo ngeenkalo zeentelekelelo zemcimbi yabemi kusenzelwa uthotho lwabasebenzisi abohlukeneyo abakumanqanaba ohlukeneyo ngokwemihlaba kuquka oomaspala bezithili, oomaspala bamakhaya, inqanaba leNgingqi Encinci kunye Neendawo Zamapolisa. Ezi ntelekelelo zisetyenziswa luthotho lwamasebe karhulumente wephondo ukuze luwatyebisele ngolwazi kwiinkqubo zawo zokucwangcisa. Umzekelo: ukunika iSebe Lokhuseleko Loluntu igalelo ekuqulunqweni kwekwezicwangciso zephondo zokhuseleko kwakunye nesiseko semiba engabemi ngenjongo yokubala izinga lezehlo zolwaphulo-mthetho; iSebe leMali kwiPhondo ngeetotali zeentelekelelo zamanani abemi kwiNtshona Koloni ngokubanzi nakoomaspala bamakhaya ngokwesini nobudala kwiminyaka esusela ku-2022 ukuya ku-2025 ngenjongo yokuqulunqa upapasho loHlalutyo Nesimo Soqoqosho kwiPhondo nakooMaspala (iMERO nePERO) ndawonye Nezimo Zoqoqosho Loluntu LooRhulumente Bamakhaya; iSebe Lemicimbi Yendalo Nocwangciso Lophuhliso ukuze lukhokele ucwangciso lwemihlaba kwiZikhokelo zayo Zophuhliso Lwemihlaba; kwakunye neSebe LooRhulumente Bamakhaya kwiSicwangciso seminyaka eli-15 Esihlanganyelweyo Sokusabela Kwimiba Yembalela Namanzi.
- Le nkqubo ikwadale iqonga labacwangcisi beWCG kunye/okanye namaqumrhu anomdla ekubonisaneni neqela leengcali zeStatsSA ezijongene neentelekelelo zamanani abemiukuze kwabelwane ngenkqubo esetyenzisiweyo ekuqulunqweni kwekweentelekelelo zamanani abemi Zaphakathi Enyakeni ku-2020. Ngesicelo seSebe Lezolawulo Lwamaqumrhu Nemicimbi Yemveli (iCOGTA) – KwaZulu-Natal, inkqubo le yanikezela ngeendibano zokuxhobisa ngezakhono kubacwangcisi bakarhulumente waKwaZulu-Natal ngenkqubo ethe yalandelwa ekuveliseni lintelekelelo Zamanani Abemi Zaphakathi Enyakeni njengesiseko.
- Iinkcukacha zamanani oluntu/abemi zithe zanikezela iinkcukacha kwiinkalo zamapolisa ekuthe kwanikezelwa ingxelo yokuba zinamanani aphezulu okubulawa kwabantu, kuquka nokubulawa kwabantwana. Ezi ngingqi zamapolisa zither zachongwa ke zibe zezi: iGrabouw, iPaarl, iThembalethu kunye neMalmesbury. Ezinye iintshukumo zokuchonga zathi zenziwa kwiingingqi ezithatyathwa njengekuxhaphake iCOVID-19 kuzo ezizezi: izithili zezempilo iKlipfontein neMitchells Plain. Injongo yezi ntshukumo zokuchonga yayikukuveza izimbo ezithile ezingundoqo zezi ngingqi kuquka nokuba semngciphekweni koluntu ngokoqoqosho, ukushinyana koluntu kwezo ndawo, ukosuleleka yiCOVID-19 kwisithuba sexesha, ukufikelela kwiinkonzo kwakunye nempahla yoluntu ekhoyo. Ezi nkcukacha zisetyenziswa ikakhulu ngabacwangcisi bakarhulumente ukuze zibe nokuvula indlela kwezocwangciso.

Isicwangciso-qhinga sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho mgangathweni

Asikho.

Ukuthungelanisa intsebenzo nezabelo-mali

Lenkqubo isichithe sonke isabelo sayo esiliR161.217 lezigidi ebebisabelwe kunyaka-mali u-2020/21. Inkqubo le ichithe ama-99.63 ekhulwini esabelo sayo ebesingamaR69.174 ezigidi ebebisabelwe kunyaka-mali u-2019/20. Imali engasetyenziswanga engamaR257 amawaka ichaphazela ukusebenzisa nganeno kwiCoE ngenxa yokwenyuselwa izikhundla kwabasebenzi abangaphakathi kwakunye nokushiya kwabasebenzi.

Itheybhile K: Inkcitho yale Nkqutyana

Igama lale Nkqutyana	2020/21			2019/20		
	Isabelo Sokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engentla)/Enganeno	Isabelo Sokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engentla)/Enganeno
Ezingophuhliso Nophando	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ezingolwulo Nenxaso	6 845	6 845	-	6 770	6 770	-
Ezingokuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono kwaneNkxaso kwiINPO	2 595	2 595	-	2 195	2 195	-
Ezingokupheliswa Kwentlupheko Nempilo Ezinzileyo	131 005	131 005	-	34 631	34 487	144
Ezingopuhliso Lolutsha	17 554	17 554	-	22 360	22 273	87
Ukuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Yezabemi	3 218	3 218	-	3 218	3 192	26
Itotali	161 217	161 217	-	69 174	68 917	257

Ukunikezelwa Kwengxelo Ngokusabela kweli Qumrhu Kumbulala-zwe iCOVID-19

Kwisithuba sonyaka-mali ophelileyo, ifuthe leCOVID-19 kuqoqosho kwanakuqoqosho loluntu lwathi lwachaphazela ikakhulu abona bantu bahlelekileyo kuluntu. Ukuphulukana nemisebenzi kwakhokelela kwintlekele yoluntu njengoko banda abantu abangaphangeliyo, kwanda amakhaya angathathi ntweni, ze kwachaphazeleka ngokumandla uzinzo lwamahlakani akwicandelo leeNPO. La malinge adweliswe ngezantsi apha ayesongezelelwa kwiinkonzo ezinikezelwa liSebe kakade.

Ithaybhile L: Inkqubela Ekusabeleni kweli Qumrhu Kumbulala-zwe iCOVID-19

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo-mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutya: Ukupheliswa Kwentlupheko kwakunye Nempilo Ezinzileyo	Iphulo Lokungenelela Ngohlangulo Ngeepasile Zokutya ngenxa yeCOVID-19	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	Ngabaxhamli abangama- 224 000	Akukho	22 438	22 438	Alikho	Luncedo kumakhaya nabantu abalwisana nomngcipheko wokungabi nakutya.
Inkqutya: Ukupheliswa Kwentlupheko kwakunye Nempilo Ezinzileyo	Ilinge Lokungenelela Ngokuhlangula Ngokutya ngethuba leCOVID-19 kuxhaswa iindawo zesondlo ebezikho kakakade.	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	Abaxhamli abangama-3 500 eFisantekraal (isazanywa) bathi bafumana inkxaso. Abaxhamli abanga-24 680 bathi bafumana inkxaso kumaziko esondlo abekho kakakade.	Akukho	10 333	10 333	Abantu abahlelekileyo bathi bazuza izidlo zamihla le kwiindawo zesondlo ezifumana inkxaso- mali kwiSebe.	Luncedo kumakhaya nabantu abathwaxwa ngumngcipheko wokungabi nakutya.

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo- mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutyana: Ukupheliswa Kwentlupheko kwakunye Nempilo Ezinzileyo	Amalinge, ukwandiswa nokuxananazisw a kweenkqubo zokuhlangula ngokunikezela izidlo.	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	Zizidlo ezingama- 411 020 meals	Amanina angama-205 510 (ngama-50 ekhulwini), amadoda angama-82 204 (ngama-20 ekhulwini) kunye nabantwana abali-123 306 (bangama-30 ekhulwini) bathi bafumana izidlo.	64 380	64 380	Ayikho	Luncedo kumakhaya nabantu abathwaxwa ngumngcipheko wokungabi nakutya.

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo- mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutyana: Ezingononophelo Kwaneenkonzoko Kwiintsapho	Kukwandiswa kwendawo yokuhlala kwiisheltha kwakunye neendawo zoomandlalo kwiintsapho ezingenamakhaya (oomama, ootatakunye nabantwana babo) kunye nabantu abadala.	siSixeko sasekapa.	Kuthe kwaxhaswa ngemali oomandlalo abongezelelweyo abangama-532	Iintsapho: Aabantu ababhinqileyo abadala abali-14, abantu abadala abali-10 kunye nabantwana abangama-39, kuquka Nabantu abathathu Abaphila Nokukhubazeka. Abantu abadala: Amadoda ali-1 534 Amanina angama-497	5 904	5 904	Oomandlalo abafumana inkxaso-mali kwiisheltha zeentsapho kunye nabantu abadala abangenamakhaya baye bafikeleleka kwabo babebedinga.	Ukulondolozwa kweentsapho ezingenamakhaya kwanocwangcisa ukusiwa kwabantwana abaphuma kwezo ntsapho kwiindawo ezizezinye abanokufumana khona unonophelo.

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo- mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutyana: linkonzo Kubantu Abaphila Nokukhubazeka	Uncedo lweCOVID-19 kumaziko okuhlala Kubantu Abaphila Nokukhubazeka.	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	1 767	Bali-1 767 Abantu Abaphila Nokukhubazeka abahlala kumaziko ononophelo.	1 312	1 279	Amaziko okuhlala ayafikeleleka Kubantu Abaphila Nokukhubazeka.	Ukhuseleko nentlalo-ntle yabahlali nabasebenzi zathi zagcinwa. Amaziko aqhubile nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo yeCOVID-19 kumba wokuthintela kwanokulawulwa kweCOVID-19.
linkqutyana: linkonzo Kubantu Abaphila Nokukhubazeka	Kwathi kwanikezelwa uncedo kwiindawo zocweyo ezingokhuseleko Kubantu Abaphila Nokukhubazeka	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	2 836	Abantu Abaphila Nokukhubazeka abangama-2 836 basiwa kwiindawo zocweyo ngomba wokhuseleko.	1 701	1 701	linkonzo kwiindibano zocweyo ezingokhuseleko ziyafikeleleka Kubantu Abaphila Nokukhubazeka.	Kwathi kwanikezelwa uncedo kwiindawo zocweyo ezingokhuseleko Kubantu Abaphila Nokukhubazeka kwinkqubo yokuthengwa kweePPE kwakunye neemeko zempilo eziphucukileyo.

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo- mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutyana: linkonzo Kubaantu Abaphila Nokukhubazeka	Luncedo lweCOVID-19 kumaziko okuhlala linkonde Neenkondekazi.	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	9 313	Ziinkonde Neenkondekazi ezingama-9 313 ezikumaziko okuhlala anikezela ngononophelo.	4 285	4 285	linkonzo zeendawo zokuhlala ezinikezela ngeenkonz zononophelo/zam aziko ziyafumaneka kwiiNkonde Neenkondekazi.	Lwathi lwagcinwa ukhuseleko nentlalo- ntle yabahlali nabasebenzi. Amaziko aqhubile nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo yeCOVID-19 ukuze kuthintelwe, kuvalelwe ze kulawulwe iCOVID- 19.
Inkqutyana: yi- ECD Nononophelo Olungagqibelela nga	Kukuhanjiswa kweepakheji zenkxaso kumaziko neenkqubo zononophelo olungagqibelela nga.	Yomithandath u imimandla yeDSD kweli Phondo.	Inani elongezelekayo lweePPE ezithe zahanjiswa ukuya kuthi ha ngeyoKwindla ka- 2021: 25 891.	Angama-2 815 amaziko ononophelo olungagqibelelang a, ze babe ngama-2 243 abaqulunqi be- ECD kwakunye nabantwana abangama-20 833 abathe baxhamla kwiiPPE.	12 963	12 558	Angaphinda avulwe kwakhona amaziko e-ECD nawononophelo olungagqibelelan ga.	Amaziko e-ECD Nononophelo Olungagqibelelang a aqhubile nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo yeCOVID-19 yothintelo, ukuvalelwa nokulawulwa kweCOVID-19.

Inkqubo Yesabelo-mali	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labaxhamli	Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli	Ukunikezelwa kwesabelo- mali Sisonke kwingenelo ngalinye (R'000)	Isabelo-mali esichithwe kwingenelo ngalinye (R'000)	Igalelo Kwimveliso ezikwi-APP	Iziphumo ezikhawulezileyo
Inkqutyana: yi-ECD Nononophelo Olungagqibelela nga	Inkxaso-mali Yokuvuselela Uhlangulo Lwengqesho kwi- ECD.	Yomithandathu imimandla yeDSD kweli Phondo.	Amalunga nama- 2 725 amaziko neenqubo ze- ECD.	Akukho	53 067	53 067	Alikho	Ngabasebenzi be- ECD abathwaxeke kakhulu yiCOVID-19. Le Nkxaso-mali Yokuvuselela Uhlangulo inikezela ngentlawulo enye kuphela elingana nenkxaso yeenyanga ezintandathu (6) kumsebenzi ngamnye ngokweenkqubo ngokweenkqubo eziphunyeziweyo zamaziko neenkqubo ze-ECD abathi bafaka iziceo ze baselungelweni lokuyifumana le nkxaso.

5. lintlawulo

5.1 lintlawulo eziya kumaqumrhu oluntu

Azikho.

5.2 lintlawulo eziya kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu oluntu

Nceda ujonge iSihlomelo A: lintlawulo eziya kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu oluntu.

6. linkxaso-mali Ezinemiqathango

6.1 linkxaso-mali ezinemiqathango kunye neemali ezibekelwe izinto ezithile

Akukho ngxelo yakunikezela.

6.2 linkxaso-mali ezinemiqathango kwaneemali ezibekelwe izinto ezithile ezithe zachongwa

ISebe labelwa amaR277.337 ezigidi kunyaka-mali u-2020/21.

linkxaso-mali Ezinemiqathango

Uphuhliso Lweentsatshana

linkxaso-mali yokusebenza yenkqubo i-ECD eli R140.219 lezigidi ijolise ekwandiseni ukufikeleleka kwamaziko neenkqubo ze-ECD kuthotho lwabantwana abakula maziko neenkqubo, kwanokwenziwa kwezilungiso ezingephi kwizakhiwo, ukukhandwa nokunikezelwa kwezixhobo zokufunda ukuze kuncedwe amaziko asuke ekubhalisweni ngemiqathango ukuya ekubhalisweni ngokugqibeleleyo.

Iimali ezigxilileyo

Abantu Abaphila Nokukhubazeka

Isabelo esigxilileyo esingama R48.081 sezigidi sathi safunyanelwa iinkonzo eziya Kubantu Abaphila Nokukhubazeka kuquka nezigunyaziso zomthetho ezisusela kumyalelo wenkundla ochaphazela abantwaba abakhubazeka ngokumandla engqondweni.

Ukuqeshwa Koonontlalo-ntle

Iimali emiselweyo eliR12.276 lezigidi yasetyenzisewal ukusombulula isidingo sokuba oonontlalo-ntle banciphise ekubeni uninzi lwabantu abanezidanga zentlalo-ntle abathi babe abakaqeshwa emva kokufunda ngenkxaso-mali ephuma kurhulumente.

Ukufakwa Koonontlalo-ntle

Isabelo esigxilileyo esiliR16.890 lezigidi sathi safunyanwa ngo-2020/21 ngenjongo yokugcina ukuqeshwa koonontlalo-ntle, ingakumbi kwiingingqi eziqatseleyo kumkhuba wokuxhaswa kwabantu ngokwesini, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kwakunye neminye imiba echaphazela abantwana.

Iphulo Lesidima Seethaweli Zangaphantsi

Isixa seR10.110 lezigidi sathi sabekelwa bucala ngo-2020/21 kusenzelwa iPhulo Lesidima Seethaweli Zangaphantsi. Eli Phulo lijolise ekunikezeleni ngeemveliso zangaphantsi ezingundoqo kumantombazanyana angabafundi bamabanga 4-12, afunda kwizikolo ezikwizigaba 1-5.

Ubundlobongela Obujoliswe Kwisini kunye Nezigulo Zokwabelana Ngesonfo

Isixa esizi R5.022 zezigidi sathi safunyanwa ngo-2020/21 ukuze kuqhutywe nokuxhasa iiNPO ezipjumeza inkqubo Yeenguqo Kwizimilo Zoluntu, njengenxalenye yezicwangciso-maqhinga zokumelana namalinge okujongana nezimilo kwakunye neemeko ekuphilwa phantsi kwazo kumba weNtsholongwane kaGawulayo, isifo sephepha kunye nezigulo ezingumvuka wokwabelana ngesondo ngaphandle kokhuseleko, ndawonye nomkhwa wokuxhatshazwa koluntu kuba besisini esithile.

Ukungeniswa kwemisebenzi kwiiCYCCs: CoE

Isixa seR15.077 zezigidi sathi safunyanwa ngo-2020/21 ukuze kuqeshwe abasebenzi abadingekayo kwiCYCC yaseHorizon neyaseClanwilliam.

Ubundlobongela obujoliswe Kumanina

Kwathi kwabekwa bucala iR15.961 lezigidi kunyaka-mali u-2019/20 ukuze kuxananaziswe ifuthe leNkqubo Yokuxhotyiswa Kwamaxhoba ukuze kusonjululwe umba wobundlobongela obujoliswe kumanina nabantwana.

Inguqu Kumsebenzi Wohlangulo Ngokutya, amaziko okuhanjiswa kokutya kwakuny enophuhliso lwesondlo kuluntu

Kwathi kwabekelwa bucala iR13.701 lezigidi ku-2020/21 ukuze kwenziwe luqilima inkqubo yokunikezelwa kwenkxaso yesondlo kubantu abahlelelekileyo kuMaziko Okuhanjiswa Kokutya kwiPhondo nakwii CNDC.

Iinkxaso-mali Ezinemiqathango kunye Nezabelo-mali Ezibekelwe Bucala

Iinkxaso-mali Ezinemiqathango kunye Nezabelo Ezibekelwe Bucala	Imali Eyabiweyo R'000	Eyona Nkcitho Expenditure R'000	Nganeno / (Ngentla) R'000
Iinkxaso Ezinemiqathango			
Inkxaso-mali Ezenemiqathango ye-ECD	140 219	135 152	5 067
Imali Eebekelwe Bucala			
Abantu Abaphila Nokukhubazeka	48 081	48 081	-
Inkxaso-mali Emiselwe Ukuqeshwa Koonontlalo-ntle	12 276	12 276	-
Ukwangezwa Koonontlalo-ntle	16 890	16 890	-
Iphulo Lesidima Kwiithaweli Zangaphantsi	10 110	9 081	1 029
Ubundlobongela Obujoliswe Kwisini kunye neSTI	5 022	5 022	-
Ukungeniswa Ngaphakathi komsebenzi weCYCC: CoE	15 077	15 077	-
Ubundlobongela Obujoliswe Ngakumanina	15 961	15 961	-
Inguqu Kumsebenzo Wohlangulo Ekutyeni, amaziko okuhanjiswa kokutya kunye nophuhliso lwamaziko esondlo	13 701	13 701	-

Isiqinisekiso sokuba zonke iintlawulo zathi zafakwa kwi-akhawunti eqinisekisiweyo yeSebe Lemali kwiPhondo

ISebe Lemali kwiPhondo liqinisekisile ukuba zonke iintlawulo zathi zafakwa kwi-akhawunti yeSebe Lemali kwiPhondo eqinisekisiweyo.

Ittheybhile M: Inkxaso-mali Enemiqathango

UMnikelo oneMiqathango: ISebe le-ECD elikhuphela lomnikelo	ISebe Lesizwe Lophuhliso Loluntu
Injongo yomnikelo	Kukwandisa inani Labantwana abahluphekilleyo abafikelela kwiinkonzo zenkxaso-mali ze-ECD ngokusetyenziswa kwamaziko ololongo olungaphelelanga. Ukuxhasa abanikezeli bophuhliso Labantwana kwangethuba be-ECD abanikezela ngenkqubo ye-ECD ukuhlangabezana neemfuno zesiseko zempilo nokhuselo kulungiselelwa ubhaliso. Ukulingwa kolwakiho lwamaziko anendleko eziphantsi ze-ECD.
Imiphumela elindelekileyo yomnikelo	Ngamaziko angama-53 athe avavanywa, anikwa amaxabiso ze onyuselwa kwinqanaba elingentla. Ngabantwana abangama-7 500 abathi bafumana inkxaso-mali. Ukuphunyezwa kwelinge likaMongameli Lengqesho (inkxaso-mali yokuhlangula nokuvuselela). Ukuphunyezwa Kwesikhokelo Sokubaliswa Kwee-ECD kusetyenziswa Inkqubo iVangasali. Inkxaso kwiPPE (kuvuselelwe injongo ukususela kwiCG: Ezokulungisa
Imiphumela eyiyo ezezekisiweyo	Li-14 lamaziko aphuculiweyo. Ngabantwana abangama-9 933 abathe bafumana inkxaso-mali ze abanye abongezelelweyo abangama-2 840 bona baphunyezwa ukuya kuthi ga ekupheleni kwenyanga yoKwindla ka-2021. Ukunikezelwa kweePPE kumaziko ononophelo olungagqibelelanga aselungelweni. Zisixhenxe iiSSOs ezifumene izibhambathiso zokumisela iSikhokelo Sokubhaliswa kwee-ECD kusetyenzisw inkqubo iVangasali.
Isixa-mali ngokwe-DORA elungisiweyo (R'000)	yiR140 219, apho: ama R87 152 000 – ayinkxaso-mali, iziseko kunye nenkxaso yePPE ama R53 067 000 – ililinge Lengqesho likaMongameli
Isixa-mali sifunyenweyo (R'000)	140 219
Izizathu ukuba ngaba isixa-mali ngokuhambelana neDORA asifunyenwanga	Azikho
Isixa-mali esichithwe liSebe (R'000)	135 152
Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko	Ii TPA ezithe zaphunyezwa kwiPhulo iVangasali nakwiPPE azithanga zabe ziyahlawulwa ngomhla wama-31/03/2021 ngenxa yokuvalwa kungekubaphi kwenkqubo ykuhlawula iBAS. Kwafakwa isicelo sokuba idluliselwe.

Izizathu zophambuko kumsebenzi	Ngamaziko ali-14 athi aphuculwa kwikota yokuqala ze inkxaso-mali yasiwa kwinkaso yePPE. Kwathi kwaxhaswa ngemali abantwana abangama-9 933 – mabantwana abangaphezu kwenani elalimiselwe kweli phulo. Kukho abanye abongezelelweyo abangama-2 840 abaza kuthi baxhamle kwisabelo esiphunyeziweyo esiliR12 745 920 esityikitywe ekupheleni kwenyanga yoKwindla ka-2020. Bali-12 773 bebonke abantwana abathe baxhamla.
Imiqathango ethatyathweyo ukuphucula umsebenzi	Ayikho
Indlela yokubekwa kweliso lisebe elamkelayo	ISebe lePhondo lingenise ezi ngxelo zilandelayo kwiINDSD nakwi PT: <ul style="list-style-type: none"> ● Ingxelo yarhoqo ngenyanga yokuBekwa kweLiso eNyakeni ukubeka iliso (IYM) kwinkcitho. ● I-IRM yarhoqo ngenyanga ukubeka iliso kwinkqubela phambili yohlaziyo lwezibonelelo kunye nenkcitho. ● Ingxelo yarhoqo ngekota yenkqubela phambili ukunikezela ngohlaziyo lokusebenza kumnikelo wezibonelelo nenkxaso-mali. ● Isixhobo sokubekwa kweliso sarhoqo ngekota ukunikezela iinkcukacha zamanani ngendlela iphondo elinikela ngayo kwiinkonzo ze-ECD ngokusetyenziswa komnikelo onemiqathango ngokunjalo nesabelo esinobulungisa. ● INgxelo yokuphela koNyaka ukunikezela ngomsebenzi ngezifizekiso zonyaka, inkcitho nemingeni efunyenweyo. ● Ukuzimasa iintlanganiso zarhoqo ngekota zokunikezelwa kwengxelo kwiINDSD ukunikezela ngengxelo yenqanaba lePhondo ngomnikelo ● Isixhobo sokubekwa kweliso sarhoqo ngekota ukunikezela iinkcukacha zamanani ngendlela iphondo elinikela ngayo kwiinkonzo ze-ECD ngokusetyenziswa komnikelo onemiqathango ngokunjalo nesabelo esinobulungisa. ● INgxelo yokuphela koNyaka ukunikezela ngomsebenzi ngezifizekiso zonyaka, inkcitho nemingeni efunyenweyo. ● Ingxelo kwiSebe Lesizwe leDSD ngokweepakheji zokuvuselela. ● Ukunikezelwa kweengxelo ngeendawo ezizizigqubo kwiPPEE.

7. Imali Zesisa

Akukho ngxelo yakwenziwa

8. Utyalo-mali Lwenkunzi

8.1 Utyalo-mali Lwenkunzi, ugcino kunye nesicwangciso solawulo lwempahla

Inkqubela ethe yenziwa ekulungisweni kweziseko ezingundoqo

Iintshukumo eziphambili zotyalo-mali zeSebe ziquka ikakhulu impahla egungqayo ekwinkalo yezixhobo zeekhompyutha, ifenitshala, iinqwelo-mafutha kunye nezinye izixhobo. Irejista yempahla ihlaziywa ngoko nangoko kwakungena ezintsha, kwakuhlahlwa ezinye kwanayo nayiphi na intshukumo ethi yenzeke kwimpahla. Impahla ezizixhobo zobuchwepheshe bonxibelelwano iquka iwaranti yeminyaka emihlanu kwimeko apho apho impahla ethile ithi yophuke.

Amaphulo eziseko (akoyo nasaqhubayo)

- Ukulungiswa kweNkalo Yokunikezelwa Kweenkonzo (iSDA) yaseBergriver.
- Uthotho lwamaphulo aphambili naphangaleleyo ezilungiso kumaziko ononophelo olukhuselekileyo: iHorizon, i-Outeniekwa, iLindelani, iROAR (eDe Novo), iBonnytoun, iVredelus neClanwilliam.
- Amaphulo aphanangaleleyo olungisos kwiZiko Lonyango laseKensington.
- Kwi-Ofisi Yommandla weMetro ekuMazantsi (eWynberg): zisagquba apho iimeko eziphangaleleyo zolungiso.
- Amaphulo aphanangaleleyo olungisos kwiSDA yaseFlakeni.

Izicwangciso zokuvala nokwehlisa amanqanaba amaziko akhoyo

Awekho

Inkqubela ethe yenziwa ekulungisweni kweziseko

- Uqoshelisiwe umsebenzi wokuphuculwa kwee-ofisi ezintsha kwiSDA yaseBergriver.
- eLindelani CYCC: lwenziwe uthotho lwezilungiso ezingephi kwisakhiwo.
- eROAR CYCC (eDe Novo): lwenziwe uthotho lwezilungiso ezingephi..
- Kwiziko Lononophelo Olukhuselekileyo lase-Outeniekwa: lwenziwe uthotho lwezilungiso ezingephi kwisakhiwo.
- Kwi-Ofisi Yommandla ekwiMetro ekuMazantsi (eWynberg): lwenziwe uthotho lwezilungiso ezingephi.
- Uqoshelisiwe umsebenzi wezilungiso kwisakhiwo seSDA yaseKapa.
- Uqoshelisiwe umsebenzi wezilungiso emgangathweni okwinqanaba lomhlaba kwisakhiwo iYork Park (kwi SDA yaseGeorge).
- eMossel Bay, liqoshelisiwe iphulo lezilungiso kwisakhiwo iWillem Van Heerden (kwiSDA yaseMossel Bay SDA).
- Kwiziko lokuhlala iSivuyile: uqoshelisiwe umsebenzi wohlenhahlengiso lweewodi kulandelwa imigaqo yokukhubazeka.
- Kwi CYCC yaseClanwilliam: uqoshelisiwe umsebenzi wokwakhiwa kweedorm ezintsha ezimbini.

Iinguqu ezichaphazela oku kungentla zilindeleke ukuba zibe nefuthe kwinkcitho yangoku yeSebe

Oku kungentla akuyi kuba nafuthe kwinkcitho yangoku yeSebe njengoko iindleko zathatyathwa yiDTPW.

Iinguqu ezinento yokwenza nemapahla yesebe

Impahla yeSebe iyonke ngokwexabiso lentengo zikumaR75 418 050.93 ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2021. Intshukumo yamiunyaka le yokubalwa kwempahla yaqosheliswa ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2021. Yonke impahla yathi yafakwa kwiRejista Yempahla yaye iinkcukacja ezo zizezichanekileyo, ezithembakeleyo nezifakwe kumanqanaba afanelekileyo ze ziyaqinisekiseka. Yonke impahla engasasebenzisekiyo, engasalungisekiyo neyonakeleyo yathi yalahlwa rhoqo futhi ke ndlela evulelekileyo.

Apha kule mpahla iyonke kuqulethwe impahla engama-85 ephambili engabonakaliyo kodwa ke exabiso ukuya kufikeleleka kwi R1 461 695.74 kodwa esaphandwayo, enexabiso elibhaliweyo lamaR340 163.96 (eyi-0.455 ekhulwini lempala yesebe iyonke).

Itheybhile N: Ukuhlengahlengiswa Kwempahla Enkulu (Ikhapitali) kumi ngolu hlobo:

Istolo	Ixabiso lentengo
nguNdlunkulu	R25 941 522.11
nguMmandla weMetro ekuMazantsi	R7 093 615.62
nguMmandla weMetro ekuMazantsi	R6 243 342.84
nguMmandla okwiMetro ekuMantla	R5 758 133.09
nguMmandla we-Eden-Karoo	R5 503 285.42
nguMmandla weCape Winelands	R6 280 637.30
nguMmandla Wonxweme olukwiNtshona	R3 482 467.81
Ngamaziko	R15 115 046.74
Itotali	R75 418 050.93

li-Asethi ezilahliweyo ngonyaka-mali wama-20/21

Zizonke ii-asethi eziyi-380 ezixabisa i-R4 333 822.20 ziye zachithwa ngexesha lonyaka-mali wama-2020/2021. Ii-asethi ezilahlwayo zinxulumene ne-357 yempahla eyinkunzi, exabisa i-R3 759 572.85, ilahlwe ngexesha lesiqhelo loshishino, ii-asethi eziyi-15 ezicinyiweyo, ezixabisa i-R225 349.83, kunye neempahla eziziinkunzi ezisi-8 ezikhutshelwe kwiSebe leNkulumbuso (DoTP) exabisa i-R348 899.52 ngokwenkqubo emiselweyo yecandelo lama-42. Ii-asethi zicinyiwe ezinxulumene nelahleko evunyiweyo ngokweRejista yoLawulo lweLahleko.

Ii-asethi ezincinci ezili-1 337 ezixabisa i-R1 647 276.33 ziye zachithwa ngexesha lonyaka-mali wama-2020/2021. Ii-asethi ezilahliweyo zinxulumene ne-1 288 yempahla encinci, exabisa i-R1 558 088.03, ilahlwe ngexesha lesiqhelo loshishino, ii-asethi ezincinci ezingama-45 zicinyiwe, zixatyiswe ngama-R81 588.31, kunye neempahla ezi-4 ezincinci, ezixabisa i-R7 599.99, zatshintshelwa kwa-SASSA ngendlela Inkqubo emiselweyo yecandelo 42. Ii-asethi ezicinyiweyo ezinxulumene nelahleko evunyiweyo ngelahleko nganye Irejista yokulawula.

Amanyathelo athatyathiweyo ukuqinisekisa ngento yokokuba irejista yee-asethi zeSebe ihlala ilungile

Ii-asethi ziyarekhodwa kwiRejista yee-Asethi yeSebe ngomhla ezamkelwe ngawo ngokweNkqubo yeLOGIS. ULungelelwaniso lwarhoqo ngenyanga lweBAS/LOGIS nalo luyaqhutywa ngokunjalo ukuqinisekisa ngokuphelela nokulungelelanisa iNkcitho yee-Asethi ngokoMncono wokuGqibela weBAS kunye neRejista yee-Asethi, kubandakanywa amaCandelo ee-Asethi. Onke amaZiko eeNdleko adingeka ukuba enze ingqinisekiso yee-asethi rhoqo ngekota phantsi kolawulo lwawo ze kunikwe ingxelo yazo naziphi na iinguqu ezichongiweyo ngethuba lenkqubo. Oku kunika ithuba lohlahlaziyo ngoko nangoko lweRejista yee-Asethi zeSebe. Uqinisekiso lonyaka lwee-asethi luyaqhutywa ngokunjalo ukuqinisekisa ngokuphelela nokuchaneka kwerejista yee-asethi.

Ubume obukhoyo bee-asethi ezinkulu zeSebe

Ubume obukhoyo bestakhwe see-asethi ezinkulu zeSebe: iipesenti ezingama-45 zee-asethi zikumgangatho olungileyo (ziyasebenziseka), ikakhulu ngenxa yokuhlaziya nokuthenga ngezambuku zeZixhobo ze-ITI; lipesenti ezingama-50 zee-asethi zikwisimo esingcono (zisenokusetyenziswa), ze iipesenti ezintlanu eziseleyo zibe kwisimo esibi kakhulu yaye kunokugqitywa ekubeni zilahlwe.

Iprojekti zokulingisa okungundoqo ezithe zaqaliswa

Akukho msebenzi ungundoqo owenziweyo liSebe kulo nyaka uphantsi kovavanyo. I-DTPW inoxanduva lwezi projekti.

Inkqubela phambili eyenziweyo ekulungiseni umsebenzi osemva wolungiso

Ngesi sithuba sokunikwa kwengxelo iDTPW ibe nakho ukulungisa eminye imisebenzi esemva yolungiso. Ngenxa yezithintelo zohlahlo lwabiwo-mali, kusele kukho umsebenzi omninzi wolungiso kumaziko ololongo olukhuselekileyo eSebe. Inkxaso-mali eyangezelelweyo yafunyanwa ivela kwi-PT ukulungisa umsebenzi osemva wolungiso kumaziko ololongo olukhuselekileyo ezingonelanga.

Ithebhile O: Amaphulo Eziseko

IiProjekti zeZibonelelo	2020/21			2019/20		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi kweNkcitho R'000
Ii-asethi ezintsha nekwenziwa ezinye endaweni yezikhoyo	-	-	-	-	-	-
Ii-asethi ezikhoyo zeziseko zophuhliso						
Uhlaziyo lweSibonelelo saBakhubazeke ngeNgqondo seWC Forum	-	-	-	3 891	17 081	(13 190)
Igumbi lokulala leClanwilliam CYCC	-	-	-	-	6 332	(6 332)
Ukwenziwa ngokutsha - kweHouse De Klerk Hostel ukulungiswa nokuhlaziywa	-	-	-	550	31 190	(30 640)
Ukwenziwa ngokutsha - kweUnion House (kwimigangatho wesi-2, 5 nowe-10)	-	-	-	-	67	(67)
Ukwenziwa ngokutsha - kweYork Park (Umgangatho osezanst nakumgangatho woku-1 – (i-SDA yaseGeorge ekuMgangatho ophantsi)	-	-	-	5 114	5 645	(531)
Izilungiso Ezimbaxa Kwisakhiwo kuquka nezombanekwisakhiwo seDSD eSwellendam	3 490	4 760	(1 270)	-	-	-
I-Ofisi yaseBhobhofolo Yophuhliso Loluntu kwisakhiwo iDan De Villiers - Kwafakwa Umthunzi Kwindawo Yokupaka iFY1819	193	229	(36)	-	-	-
EStellenbosch-eLindelani – Kwenziwe Izilungiso Ezimbaxa Kwiigaraji Zemizi Eyahlukeneyo ze kwavalwa iyadi enguFY1718	5 825	6 262	(436)	-	-	-
Ukudluliselwa kwempahla						
● Eyangoku	-	-	-	-	-	-
● Enkulu	-	-	-	-	-	-
Zizonke	9 507	11 250	(1 742)	9 555	60 315	(50 760)

Isigaba C: Ezingolawulo

1. Intshayelelo

Ukuzibophelela kweSebe ukulungiselela ukugcina imigangatho ephezulu yolawulo kususiseko kulawo lweemali zikarhulumente nezibonelelo. Abasebenzi bafuna ingqinisekiso yokokuba iSebe linezibonelelo zolawulo olulungileyo ezikhoyo ukulungiselela ukusetyenziswa kwezibonelelo zikarhulumente ngokusebenzayo, ngokufanelekileyo nangoqoqosho, ezixhaswa ngemali ngumhlawuli werhafu.

2. ULawulo loMngcipheko

IGosa eliNika iNgxelo leSebe loPhuhliso loLuntu lithabathe uxanduva lokumilisela uLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali leSizwe (PSRMF) kunye neCandelo loLawulo loMngcipheko weShishini (D: ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DotP) linikezelea ngenkonzo ebekwe endaweni enye embindini kwiSebe.

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukunceda iGosa liNika iNgxelo ekumiliseleni uxanduva lwakhe olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

Ikomiti yeenqobo ezisesikweni kunye noLawulo loMngcipheko weKomiti (ERMCO)

I-ERMCO inika ingxelo yokokuba ihambelene nxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA), uMmiselo weCandelo loLawulo-mali 3.2.1 neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iSahluko 2, iSahlulo 1, 2 kunye neses-3. I-ERMCO inika ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMigaqo neSikhokhelo esifanelekileyo ezisesikweni (eyamkelwe ngusihlalo we-ERMCO ngomhla we-19 kweyoKwindla ka-2020) yaze yalungelelanisa imicimbi yayo ngokuhambelana kunye neMigaqo neSikhokhelo yaye iqhube lonke uxanduva lwayo njengoku luqulathiwe apha.

Amalungu eKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO).

I-ERMCO ibandakanya amalungu akhethiweyo eqela labalawuli abaphezulu beSebe. NgokweMiqathango yayo yokuSetyenziswa, i-ERMCO idibene kane kulo nyaka uphononongwayo.

Ittheyibhile engezantsi iveza ulwazi olufanelekileyo ngamalungu e-ERMCO:

Ilungu	Isikhundla	Imihlangano Ezinyasiweyo	Usuku Aqeshwe Ngalo
Gq. R. Macdonald	IGosa eliNika iNgxelo (uSihlalo)	3	31/03/2017
Mnu. J. Smith	Umlawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali (CFO & neNtshatsheli yoMngcipheko)	3	30/03/2017
Mnu. C. Jordan	Umlawuli oyiNtloko: ABantwana neeNtsapho ne-ECD	3	30/03/2017
Nksk. M. Johnson	Umlawuli oyiNtloko: UCwangciso lweShishini neQhinga	4	30/03/2017
Mnu. M. Hewu	Umlawuli oyiNtloko: UPhuhliso loLuntu noThelelwano	3	30/03/2017
Nksk. A. van Reenen	Umlawuli: INkxaso yoLawulo lokuSebenza neGosa leeNqobo eziseSikweni	4	30/03/2017
Nksk. L. Goosen	Umlawuli oyiNtloko: Kwezentlantonle Yoluntu Neenkonzo Zoluleko	2	17/11/2020

Oku kulandelayo sisalathisi samane amagosa athe azimasa imihlangano ye-ERMCO kulo nyaka siwuphetheyo:

Igama	Isikhundla	Imihlangano Ezinyasiweyo
Mnu. D. Arendse	USekela-Mlawuli: Kwezolawulo Lwangaphakathi	4
Nksz. C. George	UMncedisi woMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi (OoMabhalane)	3
Nksz. D. West	UMcwangcisi wemali zikaRhulumente: ULawulo lwaNgaphakathi	4
Mnu. N. Petersen	UMncedisi woMlawuli: Ezolawulo Lwangaphakathi	1
Mnu. L. Arnolds	Umlawuli: Kwezophuhliso Loluntu	1
Nk. A. Haq	Umlawuli: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	3
Mnu. S. Africa	Umcebisi Ointloko Kwezomngcipheko: Kwezolawulo Lomngcipheko Woshishino (eDotP)	4
Nksz. B. Melane	Umfndiswa Onesidanga: Kwezolawulo Lomngcipheko Woshishino (eDotP)	1
Nksz. N. Mbembeni	Umfndiswa Onesidanga: Kwezolawulo Lomngcipheko Woshishino (eDotP)	1
Nkskz. M. Natesan	USekela-Mlawuli: Kwiinkonzo Zophando-nzulu kwiPhondo (eDotP)	4
Mnu. E. Peters	IGcisa loLawulo lwe-IT noMngcipheko (eDotP)	1
Nksz. M. Danker	Umlawuli: Kwiinkonzo Zophando-nzulu kwiPhondo (eDotP)	1
Mnu. W. Jacobs	USekela Mlawuli: Provincial Forensic Services (DotP)	1
Nksz. A. Behardien	USekela-Mlawuli: Kwezolawulo Lwangaphakathi (eDoTP)	1

Iintshukumo Eziphambili zeKomiti Yolawulo Lwemingcipheko Yoshishino

IGosa eliNika iNgxelo ngusihlalo we-ERMCO. Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMCO yenza le misebenzi ungunoqo ilandelayo ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo:

- UMgaqo-nkqubo ovavanyiweyo kwakhona woLawulo woMngcipheko weSebe nesiCwangciso soMiliselo; kulungiselelwa izindululo ezenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo leGosa eliNika iNgxelo;
- Imisela, ivavanya kwakhona ize isebenzise umnqweno womngcipheko ofanelekileyo neemvume, ze kucetyiswe okufanayo kulungiselelwa ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuvavanywa kobungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwiSebe;
- Ukuhlolwa komiliselelo loMgaqo-nkqubo weSebe woLawulo loMngcipheko, iQhinga nesiCwangciso soMiliselo;
- Ukuvavanywa kokusebenza amaqhinga odanjiso ukulungisa iqhinga lemathiriyeli, iinqobo ezisesikweni kunye nemingcipheko yolwaphulo-mthetho loqoqosho;
- Ukunkwa kwengxelo kwiGosa eliNika iNgxelo nakuziphi na iinguqu kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Ukuqwalaselwa kokuchongwa komngcipheko ovelayo;
- Ukuvavanywa ngokutsha kwesiCwangciso soBuqhophololo noRhwaphilizo yaye nokuhamba nako isiCwangciso soMiliselo ze kundululwe ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuhlolwa kokumiliselwa kwesiCwangciso sesebe sokuMiliselwa koLawulo lweenqobo ezisesikweni; kunye
- Nokunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwiSebe.

Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo yaze yalungiswa kwisithuba sonyaka

Le mingcipheko yeqhinga engundoqo ilandelayo yeSebe ithe yavavanywa ngokutsha rhoqo ngekota, kubandakanywa ukuhlolwa udanjiso olukhoyo:

- Ukhuseleko lwabasebenzi abanikezela ngeenkonzelo kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu.
- Ukungakwazi ukujongana ngempumelelo nemiqobo yezakhono zeeNGO.
- Ulawulo lwekhontrakthi engasebenziyo yeeNPO (uMbuthe ongajonganga nzuzo).
- Ukunyuka kwemfuno yokubeka iliso kuthotyelo
- Ukulibaziseka ekufumaneni isiseko se-IT kunye neenkonzelo zekhompuyutha zabasebenzisi bokugqibela.
- Ukungaziswa kweenkonzo yi-Arhente yoNcedo lweNtlalo (i-SASSA) kubaxhamli ekubhekiswe kwi- DSD (uNcedo lweNtlalo oluKhethekileyo).

ISebe lilawula imingcipheko emibini ephezulu eyile “Ukhuseleko lwabasebenzi abanikezela ngeenkonzelo emngciphekweni omkhulu iindawo” kunye “Nokungakwazi ukujongana ngempumelelo nemiqobo yezakhono zeeNGO” ngokuphumeza zonke izicwangciso kunye namanye amanyathelo okunciphisa anokwenzeka ngokufanelekileyo lawula umngcipheko. Ukhuseleko lwabasebenzi kunye nemiqobo yezakhono kwii-NGOs iye yachaphazeleka ngakumbi kwaye yenziwa mandundu kukuqhambuka kobhubhani we-COVID-19. Ngenxa yobume bomsebenzi ezinikezelwa ngabasebenzi abathile kwiindawo ezinomngcipheko ophezulu, ukhuseleko lwabo luya kuhlala lusemngciphekweni kwaye luya kuhlala lusemngciphekweni kusoloko kusenzeka ukuba iiNGOs zivale iingcango zazo.

Uninzi lwemingcipheko alukho ngokupheleleyo kulawulo lwesebe, nangona luchaphazela isakhono seSebe linikezela ngeenkonzelo kwabona bantu basesichengeni kwiphondo. Unciphiso kule mingcipheko kuqwalaselwa rhoqo kwaye uthomalaliso olongezelelweyo luyaphunyezwa ukuba kuyenzeka.

Umngcipheko wenkqubo nganye waxoxwa/kwaxoxwa ngawo kwiintlanganiso zekota ze-ERMCO. Abaphathi benkqubo kuye kwafuneka banike ingxelo ngenkqubela-phambili yokuphunyezwa kwe izicwangciso zamanyathelo okunciphisa ukubakho komngcipheko kunye/okanye impembelelo ukuba ziyenzeka ukwenza izinto ezibonakalayo. I-ERMCO ikwabhekiselele kwimingcipheko emva ekufuneka ihlalutywe ngokubanzi kwaye icebise ngonciphiso olongezelelweyo okanye amanyathelo okulawula umngcipheko.

Ubhubhani we-COVID-19 umngcipheko wokuvela uchazwe ngokweenkcukacha kumngcipheko we-BCP wamasebe oko kukuthi, “Uphazamiso olungacetywanga, olubalulekileyo ekuhambiseni iDSD ngokusemthethweni nezinye ezinxulumeneyo

iinkonzelo”. Amanyathelo afanelekileyo aye amiselwa ukuqinisekisa:

- Impilo nokhuseleko lwabo bonke abasebenzi kunye nabaxhasi.
- Ishishini njengesiqhelo.
- Ukucocwa rhoqo kwendawo yokusebenza.
- Ukubuyela ngokukhuselekileyo kwabasebenzi emsebenzini njengoko amaNqanaba oLumkiso aye athotywa.

Iimpembelelo ze-COVID-19 ziye zaqwalaselwa kuzo zonke iiseshini zokujongana nomngcipheko.

Lo bhubhani uveze ifuthe elibi kwimingcipheko ekhoyo kunye nemingeni ejongene nayo urhulumente kunye namasebe amaninzi ephondo kwaye ke ngoko iye yayenza mandundu ngakumbi into esele ikho Ukunyanzeliswa kohlahlo lwabiwo-mali, ukubeka phambili ukuthengwa kwezixhobo zokukhusela zomntu kunye rhoqo ukuphelisa ungcoliseko lwendawo yokusebenza ukuze kuthintelwe ngakumbi ukusasazeka kwale ntsholongwane.

Omnye umngcipheko owavelayo yayikukukwazi kwesebe ukuthobela uKhuseleko loBuqu

UMthetho woLwazi (POPI Act). Imiba enegalelo kunye neempembelelo ezinemilinganiselo yokunciphisa malunga noMthetho babandakanyiwe kumngcipheko "wokufikeleleka okuQinisekileyo okungagunyaziswanga" (okt. iinkqubo ezibalulekileyo okanye ulwazi lubekwe emngciphekweni).

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yeQela lezeNtlalo ibonelele ngolongamelo oluzimeleyo kwisebe inkqubo yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibonelele ngenkqubela ye-ERM yeKota iingxelo kunye neerejista zomngcipheko ukwenza indima yabo ezimeleyo yokongamela.

Imingcipheko engundoqo evelayo kunyaka-mali olandelayo

Imingcipheko engundoqo evelayo ekufuneka iqwalaselwe kunyaka-mali olandelayo iphathelene nekhono leSebe ukuba liqhubeka ze lifumane kwakhona ushishino lwalo ngethuba nasemva kobhubhane weCOVID-19 nokusabela kwintlekele yokuzondelelwa kwamalungelo oluntu enxulunyaniswa nayo, kulungelelwaniswa iinzame zabo bonke abachaphazelekayo abafanelekileyo.

Isiphelo

Kukho inkqubela phambili kulawulo lemingcipheko ngokubanzi kwiSebe. Apho ulawulo lweminye imingcipheko ingekho ngokupheleleyo phantsi kolawulo lweSebe, imingcipheko ihlala ikwiqondo eliphezulu. Le mingcipheko isoloko ivavanywa rhoqo kunye nabanye abachaphazelekayo (umz. iINPO, amasebe ephondo kunye namaqumrhu abucala azimeleyo karhulumente) kulungiselelwa ingcaciso kunye nengqiqo engcono, ngokuphathelene kumaqondo abo lovunyelwano, imiba yodanjiso efana neendleko nokulunga kwenkonzo efunyenweyo.

3. Ubuqhophololo noRhwaphilizo

Ubuqhophololo norhwaphilizo lumele imingcipheko emikhulu engakho kwii-asethi zeSebe yaye inganempembelelo embi kunikezelo lwenkonzo olufanelekileyo nokundiliseka kweSebe. IWCG yamkele iQhinga eliChasene noRhwaphilizo eliqinisekisa ukungabamkeli kwephondo ubuqhophololo norhwaphilizo. Ngokuhambelana neli qhinga iSebe lizibophelele libhekiselele nokulwa korhwaphilizo okanye ubuqhophololo, nokokuba ingaphakathi okanye ingaphandle ze iyilandele ngamandla ze iyitshutshise ngazo zonke iindlela elinazo, nawo nawaphi na amaqela enza imisebenzi enjalo okanye azama ukwenza njalo.

ISebe linesiCwangciso esamkelweyo sokuThintelwa koBuqhophololo kunye nesiCwangciso soMiliselo sokuThintelwa koBuqhophololo. Imijelo eyahlukeneyo elungiselelwe ukuchazwa kwezityholo zobuqhophololo norhwaphilizo ikho yaye le ichazwe yacalulwa kwiQhinga lePhondo lokulwa noRhwaphilizo nakwisiCwangciso seSebe sokuThintelwa koBuqhophololo. Isityholo ngasinyeesamkelweyo yiYunithi yeeNkonzo zePhondo zaseNkundleni (PFS) siyarekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukulungiselela ukunika ingxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kumatyala anxulumene neSebe ze kuveliswe iinkcukacha zamanani kulungiselelwa iphondo neSebe.

Abasebenzi abathe baxela urhanelo lobuqhophololo, urhwaphilizo kunye nobusela bakhuselekile ukuba bangenza ubhengezo olukhuselweyo. Kule meko uMgaqo-nkqubo onqamlezileyo wokuNtama wamkelwa ukulungiselela ukunikezela ngezikhokhelo kubasebenzi ngendlela yokuphakamisa iinkxalabo kunye nolawulo olufanelekileyo, abantu abatyunjiweyo abathe ngqo kwiWCG okanye amaziko angaphandle, apho kukho imihlaba efanelekileyo yokukhokhelwa okokuba ukwaphulwa komthetho okanye ukungafaneleki kuthe kwaqhutyelwa phambi kwi WCG. Ithuba lokuhlala ungaziwa kufuneka linikezelwe nakuwuphi na umntu ongathanda ukuchaza izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo yaye ukuba bathanda ukwenza oko ngokwabo, ukuba bangobani kugcinwa kuyimfihlo ngumntu lowo kunikwa ingxelo kuye.

Ukuba ngaba emva kophando ubuqhophololo okanye urhwaphilizo luqinisekisiwe emva kokuqunjelwa kophando, umqeshwa ofanelekileyo othabathe inxaxheba kwezi zenzo usiwa kululeko. Kuzo zonke ezi meko, ummeli we-WCG oqala iinkqubo zoluleko udingeka ukuba andulule ukululekwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apho ubungqina boluvo bokuqala

bokuziphatha ngobugebenga buthe bafunyanwa, umba wolwaphulo-mthetho uyaxelwa SAPS.

Ukulungiselela unyaka ophantsi kovavanyo, iPFS ikhuphe isiqinisekiso sokudluliselwa kwetyala ukwenzela iSebe liqaphele oku kulandelayo:

Amatyala	Inani
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga ngowokuqala kuEpreli wama-2019	3
Amatyala amatsha (20120/21)	0
Amatyala avalliweyo (2020/21)	(3)
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga ngowama-31 kuMatshi wama-2021	0

Le theybhile ilandelayo ihlalutya nangakumbi amatyala athe avalwa njengoko kuchaziwe ngentla apha:

Uhlobo neziphumo zophando kumatyala amathathu avalliweyo
Izityholo zathi zaqinisekiswa kula matyala mathathu alandelayo:
<ul style="list-style-type: none"> ● Linye ityala lobuqhophololo (eli tyala ladluliselwa kwiSAPS). ● Ityala elinye lokungalandelwa kwemimiselo; kunye ● Netyala elinye lorhwaphilizo kwanokungathotyelwa komgqaliselo (lo mba ukwinqanaba lokudluliselwa kwiSAPS).

4. Ukuncitshiswa koNgquzulwano loMdlala

Umgangatho ophezulu weenqobo ezisesikweni zobuchule kufuneka ukhuthazwe yaye ugcinwe kwinkonzo karhulumente. Kule meko, onke amalungu eNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (SMS) adingeka ukuba abhengeze kugunyaziwe ophezulu iinkcukacha zawo wonke umdlala wabo ngokuhambelana neSahluko 2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente sama-2016. Injongo yeSahluko 2 kukuchonga naluphi na ungquzulwano lomdlala ukulungiselela ukukhuthaza imisebenzi yolawulo enobulungisa nelungileyo yamagosa akwizikhundla eziphezulu ukwenzela ukukhusela iinkonzo zikarhulumente kwizenzo ezinokuthi zibe nefuthe elibi ekusebenzeni kwawo. Ubhengezo olunjalo lwenzeka rhoqo ngonyaka. Xa kuthe kwavela naluphi na ungquzulwano lomdlala kuya kujongwana nalo, ngokuhambelana neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 kunye nemithetho enxulumene nayo.

Ngokuhambelana necandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe), abaqeshwa abakwinkonzo karhulumente banakho ukwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwengqesho yabo yesebe elifanelekileyo, ngaphandle kokuba banemvume ebhaliweyo ephuma kuGunyaziwe oLawulayo. Ngaphezu koko, uMmiselo 13(c) weMimiselo yenkonzo kaRhulumente yowama-2016 othe waqalisa ukusebenza ngomhla wokuqala kwinyanga ka-Epreli wama-2016 ukhokhela into yokokuba "umqeshwa akasayi kuqhuba lushishino nalo naluphi na isebe likarhulumente, ngaphandle kokuba umqeshwa lowo ukwisikhundla ezisesikweni sokuba ngumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 neye-3 yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente." Abaqeshwa abangekafumani imvume eyimfuneko yokwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (RWOP) baya kululekwa.

Ngokuveliswa kweMimiselo yeNkonzo kaRhulumente wama-2016 iSihlomelo 1 (Amalungiselelo eNguqulelo), efundwa kunye neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente uxinzelelo olukhulu lubekwa kubaqeshwa abaqhuba ushishino nesebe likarhulumente. Imiqathango yeNguqulelo ngokuhambelana neSihlomelo 1 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 idinga ngokuthe ngqo:

- (1) Zonke iimvume nezithatyathwa njengemvume ezinikezelweyo kubasebenzi ngokwemiqathango yeCandelo 30 loMthetho ngaphambi kokuba usebenze yomiso oluqikelelwayo kumthetho 24 ziya kurhoxiswa ukususela kwiinyanga ezintandathu emva kokuqaliswa ngoko.

- (2) Umqeshwa, othe ngethuba lokuqalisa kokusebenza kwale mithetho, waqhuba ushishino kunye nesebe likarhulumente okanye abe ngumlawuli kwinkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente, ngaphandle kokuba ngumqeshwa okwisikhundla sakhe esisesikweni engumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 okanye 3 yoMthetho kaRhulumente woLawulo lweMali, uya kuthi -
- (a) kwisithuba senyanga enye, abhengeze into yokokuba umqeshwa uqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye ungumlawuli wenkampani
- (b) eqhuba ushishino nesebe likarhulumente; (b) kwisithuba seenyanga ezintandathu:
(i) ayeke ukuqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
(ii) arhoxe njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
- (c) ukuba umqeshwa akarhoxi kwisithuba seenyanga ezintandathu, umqeshwa kufuneka angenise ubungqina bokuba uyekile ukuqhuba ushishino okanye urhoxile njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente kwisithuba senyanga yokwenza njalo.

Ukuchongwa kwezehlo zabaqeshwa abavela kwiCSD ziyalungiswa nabaqeshwa abafanelekileyo, becelwa ukuba basebenzise izigqibo zabo njengoko kuqikelelwe kwimiqathango yenguqulelo, ngasentla, nokunikezela iSebe ngobungqina obubhaliweyo obuyimfuneko besigqibo sabo.

Abaqeshwa abafuna ukwenza umsebenzi ongomnye weRWOPS, kufuneka benze isicelo ngokuhambelana neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente noLawulo (MPSA), obandakanya ifomu yesicelo elungisiweyo, ekufuneka ingeniswe kwiGosa elityunjweyo leeNqobo ezisesikweni ukuxhasa kunye/okanye banike isizathu/izizathu sokungasixhasi isicelo, phambi kokunikezelwa kwemvume nguGunyaziwe oLawulayo okanye nguGunyaziwe oThotyelwe amagunya. Kwakufumaneka imvume uGunyaziwe oLawulayo okanye uGunyaziwe oThotyelwe amalungelo ukhupha isiQinisekiso: Imvume yoMnye uMsebenzi oHlawulayo, kusaziswa umenzi wesicelo okokuba imvume inikezelwe. Isiqinisekiso siqaqambisa ngokucacileyo nguwuphi umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente ummntu anakho ukuwenza kubandakanywa nesithuba sokuwenza. Isiqinisekiso sichaza into yokokuba ukuba ngaba kunokufumaniseka ukuba kukho ukungahambelani okanye ukungathotyelwa kwemithetho karhulumente elawula omnye umsebenzi ohlawulayo, kubandakanywa nokungaqhutywa koshishino nesebe likarhulumente, imvume iya kurhoxiswa ze amanyathelo oluleko, ahambelana neMiqathango yoLuleko neeNkqubo elungiselelwe iNkonzo kaRhulumente, iya kumiliselwa. Ukhankanyo luyenziwa ngokunjalo lokokuba ukuba ngaba umntu ufuna ukuqhubeka nomnye umsebenzi ohlawulayo emva komhla wokuphela kwemvume, isicelo esisesinye kufuneka singeniswe.

Zonke izicelo kufuneka zibe ze zibhaliweyo, yaye kufuneka, phakathi kwezinye, ziqwalasele uhlobo nobungakanani bomsebenzi ohlawulayo ekufuneka wenziwe, kubandakanywa amaxesha/iiyure zomsebenzi nobudlelwane ngoko (ungquzulwano lomdla olungakho okanye imimandla yenkxalabo) kwimisebenzi yesiqhelo athi umqeshwa ayenze kwinkonzo karhulumente. Izicelo ezinjalo zixhomekeke ngoko kuvavanyo. Abaqeshwa kufuneka benze izicelo rhoqo ngonyaka phambi kokuphela kwesithuba semvume nguMphathiswa oLawulayo okanye nguMphathi oThotyelwe amagunya. Amaphepha eendaba arhoqo ngekota, aqaqambisa inkqubo emalunga nokuqhutywa komnye umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente unikezelwa kubo bonke abasebenzi bangaphakathi ukuphucula ingqiqo yabo nohambelwano kunye nesicwangciso-nkqubo esilawulayo.

Ngaphezulu, amagosa eenkqubo ezisesikweni atyunjwa nguMphathiswa oLawulayo ukulungiselela ukubeka iliso kuhambelwano olubhekiselele kwizibhengezo. Ukunciphisa ungquzulwano lomdla kwiinkqubo zeSCM, amagosa eSCM kunye namalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso aziswa ngeziguqunyaziso zawo enqobo ezisesikweni kubandakanywa ukusayinwa kweKhowudi yokuZiphatha, ngamalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso namagcisa eSCM. Ngethuba lengqwalasela, ulwamkelo okanye ulwabiwo lonikezelo lwamaxabiso okanye naluphi na unikezelo lwefomu yesibhengezo somhla iqakunjelwe ze yasayinwa ngawo onke amalungu apho azibophelelayo okokuba njengamalungu ekomiti,

akasayi kukhetha okanye agwebe nawuphi na umntu kwinkqubo yokwenziwa kwesigqibo yekomiti. Ukuqinisekisa ngohambelwano kuMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe) kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente, 2016 uMgaqo-nkqubo oNqamlezileyo weZipho kunye neRejista yeSebe yeZipho naMalizo kunye nezibhengezo ezibhaliweyo ziyasebenza. IKomiti uyeNqubo ezisesikweni yoPhando, esekwe ngowama-2009, iqinisekisa ngokunjalo ukukhuthazwa kophando olusekwe kwiinqobo ezisesikweni kwiSebe. Ukuphuhliswa nkqubo weNqobo ezisesikweni zoPhando kuphelele ekunikezelweni kwezikhokhelo zenqubo ezisesikweni ukulungiselela ukuqaliswa kophando.

5. Indlela yokuZiphatha

UMqulu oNgendlela yokuZiphatha kwaBasebenzi baseBurhulumenteni, njengoko ibandakanywe kwiSahluko 2 kwimimiselo yeNkonzo kaRhulumente ngumqulu "owamkelwayo". Indlela yokuZiphatha: ichaza iithethe nemigaqo ekukhuthazeni imfezeko, kunye nokunikezelwa kweenkonzo okufanelekileyo nokusebenzayo kuluntu, luluhlu lwemigangatho echaza indlela yokuziphatha esiyilindeleyo kubaqeshwa bethu; izikhokhelo kubaqeshwa ngekulindelweyo kubo okusesikweni, ngendlela yomntu ngamnye nobudlelwane babo kunye nabanye; kunye nabo bonke abaqeshwa balindelwe ukuba bahambelane nendlela yokuziphatha. Ulwazi malunga nalo Mqulu weNdelela yokuZiphatha lwaveliswa ngokusetyenziswa koqeqesho lokubekwa esikhundleni kulungiselelwa abaqeshwa, abafunda besengqeshweni ngokunjalo namalungu abasebenzi ze yaqiniswa ngeencwadana zendaba ezinikezelwe kubo bonke abasebeni. IMiqathango yoLuleko neNkqubo ezilungiselelwe iNkonzo kaRhulumente ziyasetyenziswa ukukhuthaza kwesimilo esamkelekileyo, nokuthintela nokulungisa isimilo esingamkelekanga

Indlela yokuziphatha yobuchule elungiselelwa amachule enkonzo yoluntu yabandakanywa ngokunjalo kwisithuba seenkqubo zeSebe zokuMiselwa esikhundleni. Ngethuba lalo mjikelo wokusebenza uMgcini-zincwadi weBhunga loMzantsi Afrika lwamaChule eNkonzo yoLuntu (SACSSP) uqhube ngokunjalo ithuba kwabanezidanga bavo bomsebenzi wentlalo abangama-96 ngeNdelela yokuZiphatha elungiselelwe amaChule eNkonzo yoLuntu. UMgcini-zincwadi utyelele ngokunjalo onke amaZiko oLolongo olukhuselekileyo apho wanikezela uvavanyo ngokubanzi kwindlela yokuziphatha kwamachule anxulumene nomsebenzi wentlalo.

6. Imiba yeMpilo, yoKhuseleko neNdalo

Imingcipheko yempilo nokhuseleko eSebeni yohluka ngokwezehlo ezenzeka kwii-ofisi kunye namaziko ohlukeneyo ukwenyukela ke kuye kuthi ga kwezinye iingozi ezingaba nobuzaza ezifana nokwenzakala emzimbeni yiyo ke le nto kukho isidingo sokwenziwa kweemvavanyo zomngcipheko wempilo yabasebenzi rhoqo ngonyaka.

ISebe liye lazinikela ekuqinisekiseni ukuthotyelwa kwemithetho elawula imicimbi yokhuseleko, izinikezelo zemithetho kwakunye neendlela zokuziphatha ngokuthi kuqeshwe ngokwemigaqo yeCandelo 16(2) abathunywa nabameli bezempilo nokhuseleko, abasebenzi abajongene nokukhupha abanye ngokukhawuleza kwisakhiwo, aboncedo lokuqala, ukumiselwa kweekomiti zokhuseleko kwakunye nekomiti yokhuselo. Ukuze kube nokusoloko kuphuhliswa ze kwakhiwe izakhono zala magosa amiselwe lo msebenzi kwathi kwanikezelwa uqeqesho kwanikezelwa ngoqeqesho lokuba ziimashali zemigangatho, olokuba ngababemeli bezokhuseleko, olokuncedisa ekucinyweni komlilo kwanoloncedo lokuqala.

iSebe liqalise ngoqeqesho loNcedo lokuQala olulungiselelwe onke amagosa alingwayo ukuqinisekisa ngento yokuba ayahambelana neemfuno zoqinisekiso zeenkqubo zophambuko. Zonke izithuthi zikaRhulumente nazo zixhotyiswe ngeeKithi zoNcedo lokuQala.

Iitshelikisti zarhoqo ngenyanga zingenisiwe ukulungiselela ukulandela uhambelwano lomiliso lweemfuno zoMthetho weMpilo eNgqeshweni noKhuselo (OHS) kwi-ofisi okanye kwiziko ngalinye. Imiba eqaqanjiswa kwiitshelikisti ilungiswe mhlawumbi kwiSebe okanye liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente. ISebe libandakanye uhambelwano (OHS) lwazo zonke izakhiwo/amaziko kwi-U-AMP yeSebe lwayo kwiDTPW ngokunjalo nePT.

IKomiti yeSebe yezoKhuseleko iqinisekise ngokumelwa kwabalawuli abaphezulu abanoxanduva lwemicimbi yokhuseleko kuzo zonke ii-ofisi zeDSD, kwiindawo ekunikezelwa

kuzo inkonzo kunye namaziko. IKomiti isasebenza kunangoku yaye ihlangana rhoqo ngekota. Ikwaziyo eqinisekise ukumiselwa kwezindululo zophicotho lwezokhuseleko kwanenkqubo yohlolo lweenkcukacha zokhuseleko eyathi yenziwa yiSAPS yeSebe lwayo kwine-Arhente yezoKhuselo lukaRhulumente (iSSA), ngokulandelelana.

Amathuba olwazi lweOHS noKhuseleko aqhutywa kuzo zonke ii-ofisi kwiMetro North, Metro South, Metro East, eCape Winelands/Overberg, kwi-Ofisi eyiNtloko, eMalmesbury SDA, iVredenburg SDA kunye nokujolisa kwiNgcaciso yoKhuseleko kweZiko loLolongo oluKhuselekileyo, uLawulo lweSango lokungena nokuphuma kunye neMpilo eNgqeshweni noKhuselo.

ISebe likwasamkele isidingo sokuqulunqwa, ukumiselwa nokugcinwa kwemigaqo-nkqubo, iinkqubo namalinge okuncedisa kwimeko apho

kuphazanyiswa ngokumandla inkqubo yoshishino lwesebe, yiyo ke le nto ibone kufanelekile ukuqulunqa iBCP. Kule BCP kukho isiCwangciso sokuSabela kwimeko yaManzi, isiCwangciso sokuSabela kuMlilo kwakunye nokuQhuba kokusebeza koMbane. iBCP ivakalisa amanyathelo eliya kuwathabatha iSebe ukuqokelela nokubuyisa iinkqubo zokuqinisekisa ukuqhubeka kwemisebenzi yoshishino oluphambili kusetyenziswa ezona ziseko zingephi.

7. IiKomiti zePalamente

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
05 kwekaCanzibe ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imeme iSebe ukuze lize kucaciela iKomiti le ngeenGxelo Zentsebenzo yeKota ngethuba elisusela ngenyanga yeDwarha ukuya kweyoMnga ka-2019 nesusela kweyoMqungu ukuya kweyoKwindla ka-2020.	ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
05 kwekaCanzibe ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imeme iSebe lize kuyicacisela iKomiti ngenkqubo yokubhalisa, inkxaso-mali, uhlobo kunye novavanyo lweenNPO liSebe Lophuhliso Loluntu.	ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
19 kwekaCanzibe ka-2020	Ngethuba lengcaciso iKomiti igqibe ekubeni iSebe liyinike ezi nkukacha zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> ● Uluhlu oluneenkukacha zazo zonke ii-ECDs ezixhaswa ngemali yiDSD kwiPhondo. Uluhlu kufuneka bonisa ngokucacileyo imimandla kunye nezo zisebenza emaphandleni. ● Uluhlu lweeYouth Café's kwiPhondo kunye needilesi zabo zokuhlala. ● Ikopi yemigaqo ebekwe liSebe ukukhokela abantu abadala kumakhaya kwiPhondo ngexesha lobhubhani we-COVID-19. ● Iinkukacha ezithe vetshe malunga noko libekwe liSebe ukomeleza kunye ukuxhobisa iikhitshi zesuphu kwiindawo ezahlukeneyo zokuhlala ingabhaliswanga ngexesha lesifo esikho elizweni jikelele se-COVID-19. ● ISebe liza kwabelana neKomiti ngekopi yoyilo lweSizwe imimiselo elawula ukunikezelwa kweepasile zokutya ngokumalunga nokungaphekwayo ukutya. 	Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
21 kwekaCanzibe ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imeme iSebe ukuzelise kuyicacisela iKomiti ngomqulu iWC Laws Repeal Bill (B5-2019).	ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
01 kweyeSilimela 2020	Ngethuba lexesha leencaciso, iKomiti Emiyo icele ukuba iSebe liyinike ezi nkukacha zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> ● Iingxelo zendawo zohlolo lweenNPO ezifumene inkxaso-mali kunyaka-mali u-2019/20. ● Iinkukacha ezigqibeleleyo ngenani lezicelo zemkxaso-mali ezingakhange zibe yimpumelelo ndawonye nezizathu ngokweengingqi kunyaka-mali u-2019/20. ● Uluhlu lwamagosa ohlolo kwakunye neendawo asebenzela kuzo. ● Uhlalutyo oluneenkukacha ngeenNPO ezithe azayithobela imigqaliselo ngokweengingqi kunyaka-mali u-2019/20. 	Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
	Emva kweVeki Yotyalelo Lweqela Lezoluntu, iKomiti Abathunywa bacele okokuba iSebe linikezele ngengcaciso elandelayo:	Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
	<ul style="list-style-type: none"> ● Ingxelo ecalulweyo ngenani labafundi abashiye phakathi esikolweni eLaingsburg elungiselelwe iminyaka-mali yowama-2016/17, 2017/18 kunye nowama-2018/19; ● Ikopi yesivumelwano senqanaba lenkonzo kunye eChild Welfare South Africa eLaingsburg; ● Ikopi yesivumelwano sentlawulo ekhutshelweyo phakathi kweChild Welfare South Africa eLaingsburg kunye neSebe; ● Ingxelo ecalulweyo engendibano yabachaphazelekayo eLaingsburg; ● Uluhlu olucalulweyo lweeNPO ezibhalisiweyo kunye neenkonzo ezinikezelwe zeziNPO eLaingsburg; ● Ingxelo ecalulweyo ngenkqubo yokufunwa kwabasebenzi beDSD ukubonisa ixesha elithatyathwayo ukuvala izithuba kwiSebe; ● Ingxelo ngesicwangciso sokufumana indawo efanelekileyo yeDSD eLaingsburg; ● Ingcaciso ecalulweyo ngeZiko lokuXhatshazwa lokuzinziswa kweDSD; ● Ingcaciso ngenani Labantwana ababhalisiweyo eLaingsburg kunye nomthamo wamatyala axeliweyo bokudlakathisa abanye abantwana; ● Inani eliphheleleyo lwabantwana ababhalisiweyo nabantu abadala abakhubazekileyo eLaingsburg; ● Ulwahlulo olucalulweyo lwenani lwezithuthi ezabelwe kwii-ofisi zeDSD eLaingsburg nenani lezithuthi ezabelwe inkonzo nganye yentlalo-ntle yabantwana eLaingsburg; ● Ingxelo ngohlalelo lweemfuno kulungiselelwa ubhaliso lwee-CYCC eLaingsburg; ● Uluhlu lwabasebenzi nezithuba zamagosa eDSD eLaingsburg; kunye ● Nenqanaba lengxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kukuzaliswa kwezithuba zonoontlalo-ntle eLaingsburg. 		
	<p>Emva kweVeki Yotyelelo Lweqela Lezoluntu kwiCYCC yaseClanwilliam, igqiza leza nezi zindululo zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Kumba wemihlangano yocweyo kwanomba wokungazuzeki kweethagethi, ngenxa yabathabathi-nxaxheba ekufumaniseka ukuba basebenza ngaphandle kwale mihlangano yocweyo. Kuthetha ukuthini oku – umsebenzi wangaphandle? ● Zithini izizathu zokuba abasebenzi be-ECD bangazifumani iziqinisekiso zabo emva kokuqoshelisa uqeqesho lwe-ECD? Ingaba iDSD inazo na iinkcukacha-manani malunga nokuba ngubani na othe waluqoshelisa uqeqesho lwakhe kodwa ongasasifumani isiqinisekiso soqeqesho lwakhe.? 	<p>ISebe lisinakanile isindululo esenziwe yiKomiti.</p>	<p>yeyeSebe Lophuhliso Loluntu</p>

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
	<ul style="list-style-type: none"> ● Kwenzekani xa kuye kudluliselwe umntu omtsha kwiCYCC ze kungabikho bhedi anokuyisebenzisa? Kwenzekani kuloo mntu mtsha? ● Sithini isizathu sokuba iNkqubo Yesizwe Yolutsha ingafumani nkxaso-mali. Igqiza lacela ukuba iSebe lingenise la maxwebhu alandelayo: ● Uluhlu lweenNPO ezithe zavalwa kweli phondo ukususela ngo-2014 ukuya kuthi ga ngo-2018. ● Uluhlu oluneengcaciso ngama-49 amaziko ononophelo lwasemini athi anikwa inkxaso-mali kunyaka-mali u- 2017/2018. ● Inxelo ngomsebenzi wophando owathi wenziwa kwiiNkqubo Zoluleko. ● Inani elipheleleyo Labantwana abakwinkqubo Yokukhululwa Ngaphambi Kwexesha kweli phondo. ● Alkopi yeSicwangciso-qhinga Sokhuselo, Uthintelo Kwanokungenelela Kwangethuba lakugqitywa olu xwebhu. ● Onke amaxwebhu ekuphambukeni kwecandelo lenkqubo Yetyathanga Lolawulo leDSD kwisithuba sale minyaka mithathu idlulileyo. La maxwebhu kufuneka abe aquletse iinkcukacha zokuba lenzeni na iSebe ukulungisa le nkciho igwenxa. ● Iinkcukacha ezicacileyo ngezehlo ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngazo ezibandakanya amatyala enkalo yononophelo lwefosta. ● Inani Labantu abatsha abakwiCYCC abasuka kwiintsapho zefosta. ● Uluhlu lwabaxhamli beenkxaso-mali zokufunda abaphangelela iSebe ngokwamanqanaba emivuzo. ● Iinkcukacha ezicacileyo ngenani Labantu base-Imizamo Yethu abathe baxhamla kwiinkqubo Zeenzima Ezimandla. 	Zingenisiwe iinkcukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	
09 kweyeSilimela ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kwindibano yeengcaciso yeDotP ngomba wesimo se-Ofisi yoMkomishinala weNtshona Koloni Wabantwana kwanakumba wezicwangciso zexeshana zalo Mkomishinala.	ISebe liyizimasile indibano yeengcaciso ngomhla wethoba kweyeSilimela ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
26 kwekaCanzibe ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kwindibano yeengcaciso ngomba Wokuchotshelwa KwezimzoZoluntu kumba womqulu iWestern Cape Laws Repeal Bill.	ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
14 kweyeKhala ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kwindibano yeengcaciso ebizwe yiSASSA kumba wefuthe lezityholo zokusetyenziswa gwenxa kwiNtshona Koloni.	ISebe liyizimasile indibano yeengcaciso ngomhla we-14 kweyeKhala ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
13 kweyeKhala ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kwindibano yeengcaciso womqulu Wokuhlalelwa Nokubekwa Phambili Kwezidingo zeNtshona Koloni.	ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
24 kweyeKhala ka-2020	Ngethuba lendibano yeengcaciso iKomiti Emiyo iye yagqiba ekubeni iSebe liyinike ezi nkukacha zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> Uhlahlo oluneenkukacha ezigqibeleleyo zoluhlu lwekhulu lwezithuba zengqesho ezikweli Sebe. Iinkukacha ezigqibeleleyo ngokuhanjiswa kweepasile zokutya kunye namakhitshi esuphu. Ezi nkukacha kufuneka ziquke inani labaxhamli kwingingqi nganye. 	Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
01 kweyoMsintsi ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imeme iSebe kwindibano yyengcaciso ebizwe yiNDSD ngomba womqulu iSocial Assistance Amendment Bill [B8B-2018] (yeNCOP).	ISebe liyizimasile indibano yeengcaciso ngomhla wokuqala kweyoMsintsi ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
15 kweyoMsintsi ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kuMhlangano Woluntu ngomba woqmulu iSocial Assistance Amendment Bill [B 8B-2018] (yeNCOP).	ISebe liyizimasile Indibano Yoluntu ngomhla we-15 kweyoMsintsi ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
10 kweyoMsintsi ka-2020	Ngethuba lendibano yeengcaciso iKomiti Yethutyana yeCOVID-19 iucele ukuba iSebe linikezele ngezi nkukacha zilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> Uluhlu lwemibutho ethe yaxhamla kwisongezelelo zenkxaso-mali ngethuba lalo bhuhane, ndawonye nezixa ezo ezathi zanikezelwa kuloo mibutho. Ikopi yeSicwangciso-qhinga Sokhuselo, Uthintelo Kwanokungenelela Kwangethuba lakugqitywa olu xwebhu. Onke amaxwebhu ekuphambukeni kwecandelo lenkqubo Yetyathanga Lolawulo leDSD kwisithuba sale minyaka mithathu idlulileyo. La maxwebhu kufuneka abe aqulethe iinkukacha zokuba lenzeni na iSebe ukulungisa le nkqubo igwenxa. 	Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
06 kweyeDwarha ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kuMhlangano weSigunyaziso Sothetha-thethwano kumba womqulu i-Social Assistance Amendment Bill [B 8B-2018] (yeNCOP).	ISebe liyizimasile indibano yeengcaciso ngomhla wesithandathu kweyeDwarha ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
27 kweyeNkanga ka-2020	IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kumhlangano ngomba womqulu iWestern Cape Second Adjustments Appropriation Bill.	ISebe liyizimasile indibano yeengcaciso ngomhla wama-27 kweyeNkanga ka-2020.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
10 kweyoMnga ka-2020	<p>IKomiti igqibe ekubeni imemele iSebe kumhlangano weengcaciso ngomba weNgxelo Yonyaka weli Sebe.</p> <p>Ngethuba lomhlangano weengcaciso ngomhla weshum ikweyoMnga ka-2020, iKomiti Emiyo yagqiba ekubeni iSebe linikezele kuyo ngezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ikopi yeSicwangciso Sokuncitshiswa kwezinga Lokubulawa Kwabantwana. ● Ikopi yeSicwangciso-qhinga sePEI seWCG Esingabantwana Neentsapho kweli Phondo. ● Uluhlu loomaspala abaneeMOU neli Sebe ngomba weSicwangciso-qhinga Seziyobisi sePhondo. ● Ikopi yeMOU ephakathi kweSebe nooMaspala abakweli Phondo ngomba weSicwangciso-qhinga Seziyobisi sePhondo. ● Iinkukacha ezigqibeleleyo ngokusebenza kweeKomiti Zeentshukumo Ngeziyobisi, iQonga Lezesini kwakunye nooMaspala abafakwe kumba weGBV. ● Ngokwemigaqo yokunikezelwa kweengxelo nokuthabathela uxanduva, ingaba iSebe liwenza njani umlinganiselo womsebenzi woomaspala, kwanokuba basabela njani na njengoorhulumente bamakhaya kumba wokunikezelwa kweengxelo kwinkqubo yePhondo kwanokwenziwa komsebenzi, impendulo kwanokuyibuyisela kubahlali. 	<p>ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti ngomhla weshumi kweyoMnga ka-2020.</p> <p>Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.</p>	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
11 kweyoMdumba ka-2021	<p>Ngethuba lenkqubo yeengcaciso ngomhla we-11 kweyoMdumba ka-2021, iKomiti Emiyo yagqiba ekubeni iSebe liyinike ezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Amagama needilesi zokuhlala zeeNPO kunye neendawo ezihanjiselwa kuzo izidlo zesuphu kweli phondo kunyaka-mali u-2020/21. ● Ikopi yoMgaqo-nkqubo weSebe Wohlolo Novavanyo kumba wala makhitshi esuphu. ● Iinkukacha ezipheleleyo kuhlobo lwenkqubo yenkxaso-mali enikezelwa kwiiNPO/kumakhitshi esuphu kweli phondo. ● Uluhlu lwazo zonke iiNPO ezathi zaxhamla kwinkxaso-mali Kuhlalo Lolwabiwo-mali Oluhlengahlengisiweyo ngenyanga yeNkanga ka-2020 ndawonye kwanayo yonke imali eyathi yabelwa eziNPO. ● Uluhlu oluneenkukacha ezipheleleyo zeeNPO ezifumene inkxaso-mali yeePPE. 	<p>Zingenisiwe iinkukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.</p>	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu
23 kweyoMdumba ka-2021	<p>IKomiti igqibe ekubeni imeme iSebe liyinike ingcaciso ngomqulu iWestern Cape Appropriation Bill.</p>	<p>ISebe liyinikezele ingcaciso kwiKomiti ngomhla we-18 kweyoKwindla ka-2021.</p>	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu

Usuku	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti Emiyo
18 kweyoKwindla ka-2021	<p>Abathunywa bacele okokuba iSebe linikezele ngengcaciso elandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ingxelo ecalulweyo ngenani labafundi abashiye phakathi esikolweni eLaingsburg elungiselelwe iminyaka-mali yowama-2017/18, 2018/19 kunye nowama-2019/20; ● Ikopi yesivumelwano senqanaba lenkonzo kunye eChild Welfare South Africa eLaingsburg; ● Ikopi yesivumelwano sentlawulo ekhutshelweyo phakathi kweChild Welfare South Africa eLaingsburg kunye neSebe; ● Ingxelo ecalulweyo engendibano yabachaphazelekayo eLaingsburg; ● Uluhlu olucalulweyo lweeNPO ezibhalisiweyo kunye neenkonzo ezinikezelwe zeziNPO kwiPhondo; ● Ingxelo ecalulweyo ngenkqubo yokufunwa kwabasebenzi beDSD ukubonisa ixesha elithatyathwayo ukuvala izithuba kwiSebe; ● Ingxelo ngesicwangciso sokufumana indawo efanelekileyo yeDSD eLaingsburg; ● Ingcaciso ecalulweyo ngeZiko lokuXhatshazwa lokuzinziswa kweDSD; ● Ingcaciso ngenani Labantwana ababhalisiweyo eLaingsburg kunye nomthamo wamatyala axeliweyo bokudlakathisa abanye abantwana; ● Inani eliphheleleyo lwabantwana ababhalisiweyo nabantu abadala abakhubazekileyo eLaingsburg; ● Ulwahlulo olucalulweyo lwenani lwezithuthi ezabelwe kwii-ofisi zeDSD eLaingsburg nenani lezithuthi ezabelwe inkonzo nganye yentlalo-ntle yabantwana eLaingsburg; ● Ingxelo ngohlalelo lweemfuno kulungiselelwa ubhaliso lwee-CYCC eLaingsburg; ● Uluhlu lwabasebenzi nezithuba zamagosa eDSD eLaingsburg; kunye ● Nenqanaba lengxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kukuzaliswa kwezithuba zonoontlalo-ntle eLaingsburg. 	Zingenisiwe iinkcukacha ebeziceliwe kuMququzeleli weKomiti.	yeyeSebe Lophuhliso Loluntu

8. IziGqibo zeKomiti eSigxina ngee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA)

IKomiti iyithabathele ingqalelo imbono yophicotho-zincwadi ye-AGSA ephathelelene neengxelo zonyaka zemali zonyaka-mali wama-2019/20 weSebe, ekubeni lifumene ingxelo engenaziphene ukususela ngowama-2018/19.

Imbono yophicotho-zincwadi

I-AGSA ayiphakamisanga miba eyifumeneyo ngohambelwano lweSebe nemithetho nemimiselo, okanye iinjongo ezimiselwe kwangaphambili okanye intsilelo kulawulo lwangaphakathi.

ULawulo lweMali

ISebe lichithe iibhiliyoni zeerandi ezi-2.431 kuhlalo lwabiwo-mali ebelubekelwe i-R2.461 yeebhiliyoni, okube nesiphumo kwinkcitho engaphantsi kwe-R29.448 yezigidi (i-98.8 yeepesenti echithwe kuhlalo lwabiwo-mali) ngowama-2019/20. Ngexesha kunyaka-mali ka-2018/19, iSebe lichithe i-R2.231 yebhiliyoni yohlahlo lwabiwo-mali lwe-R2.246 yeebhiliyoni, okukhokelele kwinkcitho engaphantsi kwe-R15.312 yezigidi (i-99.3 yeepesenti yenkcitho yohlahlo lwabiwo-mali).

Inkcitho engaphantsi iyonke kwiSebe yenzeke phantsi kweenkqubo ezilandelayo:

- INkqubo 1: ULawulo (R7.816 yezigidi)
- INkqubo 2: IiNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (R17.315 yezigidi) kunye
- INkqubo 3: ABantwana neeNtsapho (R1.017 yezigidi)
- INkqubo 4: Ezoluleko (R3.043 yezigidi)
- INkqubo 5: Ezophuhliso Nophando Ezoluleko (R257 yamawaka)

IKomiti iqaphele ngaphezulu into yokuba iSebe liqokelele isigidi esi-R1.443 yezigidi, olube nomphumela woqokelelo olungaphezulu lwe R313 yamawaka .

Ingeniso yoqokelelo olungaphezulu yenzeke phantsi kwale miba ilandelayo:

- Inzala, izahlulo ne-arhente kumhlaba(R12 yamawaka); kunye
- Iintengiselwano zemali kwii-asethi namatyala(R366 yamawaka).

Ingqokelela engaphantsi yenzeke phantsi komgca Ukuthengiswa kwempahla kunye nenkonzo ngaphandle kwenkunzi ii-asethi ezingama-R65 amawaka.

Izigqibo

Imvelaphi/Inkxalabo	Izigqibo	Umhla womsebenzi
Amakhasi: 205 eNgxelo Yonyaka. Isihloko: "Amatyala atsalayo ndawonye nempahla etsalayo". IKomiti iwunika ingqwalasela umba wokuba iKomiti izinike ingqwalasela iinkalo ezimandla ezisadinga ukuphuculwa kwiSebe, ngethuba lokwenziwa komsebenzi walo nyaka-mali.	ISebe linike ingcaciso kwiKomiti ngemingcipheko kwakunyeneenkalo ezimandla ezisadinga ukuphuculwa, njengoko zither zabhaqwa yiKomiti Yophicotho kwisithuba sonyaka-mali u-2018/19, kuquka namalinge athe aqulunqwa ze avezwa ngenjongo yokuqubisana nale mingeni.	Iya kushedyulwa yiKomiti Yee-akhawunti Zoluntu

Imvelaphi/Inkxalabo	Izigqibo	Umhla womsebenzi
Amakhasi: 209-210 eNgxelo Yonyaka. Isihloko: "Inkcitho egwenxa". IKomiti inikaingqwalasela kumba wokuba iSebe liyer lanenkitho egwenxa kulo nyaka-mali siwuphethayo.	Kukuba iSebe liqulunqe ze liphumeze iqhinga lokuphepha ukuphinda lisebenzise imali gwenxa kweli Sebe ze lazise iKomiti Yee-akhawunti Zoluntu ngokuphunyezwa kweli linge; kuquka amatyeli amaninzi okusetyenziswa gwenxa kwemali kunyaka-mali u-2019/20.	Iya kushedyulwa yiKomiti Yee-akhawunti Zoluntu
Ikhasi: 213 leNgxeloYonyaka. Isihloko: "Imisitho engahlengahlengisiyo emva kosuku lokunikezelwa kwengxelo". IKomiti iyinika ingqwalasela indaba yokuba iSebe laye lahambisa iipasile zokutya njengendlela yalo yokusabela kwiCOVID-19 emva kwalo nyaka-mali yayihlawulelwa yena ngasekupheleni kwenyanga yoKwindla ka-2020. Ixabiso lemali lezi pasile lanikezelwa njengelifikelela kwishmui lezigidi zerandi.	Kukuba iSebe lazise iKomiti ngefuthe lokunikezelwa kweepasile zokutya kuluntu ndawonye nangexabiso lemali elathi laxhanyulwa ekuhambiseni ukutya oko.	Iya kushedyulwa yiKomiti Yee-akhawunti Zoluntu

Uluhlu lweenkcukacha eziceliweyo

IKomiti icele ukuba iSebe liyinine ezinkcukacha zilandelayo:

- Ingxelo ngefuthe kuluntu lwefuthe lemali kwintsebenziswano kwanasekumiselweni kweYouth Café at kwiZiko leThusong, njengoko kudiziwe kwikhasi 110 leNgxelo Yonyaka.
- ANgxelo yeeNkonzoZophando-nzulu kwiPhondo nangeentshukumo zophando kumba weBosasa, njengoko idiziwe kwiCandelo Leenkonzo Zophando-nzulu kwiPhondo kwikhasi 16 lale Ngxelo Yonyaka.
- Ingxelo ecacisa iingxaki neempazamo ezithe zafunyaniswa yi-AGSA ze zalungiswa liSebe, njengoko kuthiwe theca kwiSaziso 21 kwikhasi 158 lale Ngxelo Yonyaka.
- Ingxelo ekuphunyezweni kwezidingo zenkqubo Examnanazileyo Yokuxhotyiswa Kwabamnyama Ngokoqoqosho(iB-BBEE) ngokwemigaqo yeengcali/yabanezibhambathiso zokusebenza, njengoko kuthi thaca kwiSaziso 3.15 Yokusetyenziswa Kweengcali Zangaphandle kumakhasi 153-154 ale Ngxelo Yonyaka.
- Ingxelo enika ingcaciso egqibeleleyo ngamabango ngakwiSebe, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 230 lale Ngxelo Yonyaka.

9. Izilungiso Zantlandlolo Kwiingxelo Zophicotho

Ingxoxo le kufuneka igxile kuphela kuyo yonke imiba ethe yakhokelela kumakhwiniba, isinikezelo, uluvo olugwenxa kunye nemia yokungathotyelwa kwemigaqo. ISebe lingaquka neenkukacha kwitheybhile ngolu hlobo lulandelayo:

Ubume bexanasi, ukuzikhwebula, uluvo olunekhwiniba kunye nemiba yokungathotyelwa	Unyaka-mali eyavela ngawo okokuqala	Inkqubela phambili eyenziweyo ekucimeni / ekusombululeni umcimbi
<ul style="list-style-type: none"> ● Imbono engenamakhwiniba ngokuba lulutho kwanokuchaneka ● Imbono yoPhicotho engenaMakhwiniba: iinkcukacha ezithe zadluliswa njengengxelo yentsebenzo yeNkqubo 3 – kwezingabantwana nezabantwana ziye zilulutho yaye zichanekile, ngokwemigaqo yeenkqubo esetyenziswayo ethe yaqulunqwa ngokuthatyathelwa kwisikhokelo solawulo lwentsebenzo nokuqulunqwa kweengxelo 	2020/2021	<p>Imiba yasonjululwa.</p> <p>Njengokoko abalawuli bephele bezilungisa ezi zinto bezigwenxa uMphicothi-Jikelele akathanga waveza ziphumo zibe nefuthe ngokuba lulutho kweenkcukacha zentsebenzo ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngazo – khangela kumhlathi 27, kwiNdxelo Yokugqibela Yabalawuli ephele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2021.</p>

10. ICandelo Lolawulo Lwezangaphakathi

Ejilise kuko iYunithi kunyaka ophantsi kovavanyo ibe ikakhulu kwimimandla yoLawulo oluLungileyo, iiNkonzo zeNgqinisekiso kunye noLawulo lokuQwalaselwa kweLahleko.

Ulawulo Olululo

ISebe lenze imisebenzi elandelayo ngokuphathelele kulawulo lwangaphakathi:

- Ukunikezelwa kwengxelo rhoqo ngenyanga ngenqanaba kweNkcitho engalungelelaniyo nengenaZiqhamo kunye neyiLahleko (IYM).
- Ukulawula iifayile zamatyala enkcitho engalungelelananga, engagunyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- Ukuqhutywa kophando ngeNkcitho engalungelelananga, engagunyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- ISebe lisebenzisa inkqubo ye-ORACLE ukulawula iNkcitho engalungelelananga, engagunyaziswanga nengenaZiqhamo nengenaZiqhamo neyiLahleko kunye nokulahleka kolawulo.
- Ukubekwa kweliso nokumiliselwa kwezindululo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle ngokunjalo kunye noVavanyo ngokutsha loLawulo lwequmrhu neMbonakalo (CGRO).
- Ukugcinwa kwerejista ngeZipho neMinikelo yeSebe nokunikwa kwengxelo rhoqo ngekota kulungiselelwa ukubandakanywa kwiiNdxelo zethutyana zoNyaka zeMali.
- Ukulungelelaniswa kweentlanganiso ze-ERMCO.
- Uhlaziyo ngokutsha kweZigunyaziso zeMali neSCM.
- Ukunikwa kwengxelo yarhoqo ngenyanga ngentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30 ukuya kwi-PT.
- Kwenziwa uphando ngeentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30.
- ISebe liyinika ngqwalasele abachaphazelekayo abalandelayo, abangaba. IKomifi yoPhicotho-zincwadi, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, iPT kunye ne-AGSA ekuqunjelweni kwemiba.
- IiForam ezimbini zeMali zabanjwa kwii-Ofisi zoMmandla kunye neZibonelelo.

linkonzo Zengqinisekiso

Ukulungiselelwa konyaka ophantsi kovavanyo kwakhona, okulandelayo:

- Ukuqinisekiswa kweentlawulo emva kokuqwalaselwa ukulungiselela ukuqinisekiswa kokusebenza nokulungela okuchanekileyo kophicotho-zincwadi (+/- 46 958 iintlawulo)
- Onke amaxwebhu askenwa ukuze agcinwe kwaye njengendlela yokuthintela ukulahleka okanye iintlawulo eziphindwe kabini.

Ubuqhophololo Nolawulo Lwelahleko

- Eli Sebe lisebenzisa i-ORACLE eyinkqubo Yolawulo Lwelahleko ngenjongo yokulawula ilahleko engumvuka wobusela, ukonakala, njalo-njalo;
- ISebe liyawahlonipha futhi liyawanakana la mahlakani alandelayo, angala, iNkonzo Yesipolisa kuMzantsi Afrika, iZiko Leenkono Zoshishino – iCandelo Lezomthetho, iCandelo Lezithuthi Zaseburhulumenteni kwakunye neSebe Lemali lePhondo ekuqosheliswa kwemiba; yaye
- Kwisithuba salo nyaka-mali kwathi kwaqosheliswa izithuthi ezi-91 (kwiingozi ezibandakanya izithuthi zikarhulumente nokonakaliswa kwazo, nempahla yesebe) amatyala ze zathatyathwa njengezingasenkuphinda zisebenze.

11. Uphicotho Lwangaphakathi kunye neKomiti Zophicotho

Ngokuhambelana nePFMA kunye neNgxelo kaKing IV engeemfuno zoLawulo lweQumrhu, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezele iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswe ngesicwangciso esamkelweyo esisekwe kumngcipheko wophicotho-zincwadi lwangaphakathi, ukuvavanywa koPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kokwanela kolawulo ukudambisa imingcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke iliso kumiliselelo lwezenzo zolungiso.

- Uvavanyo nokwenziwa kwezindululo ezizizo zokuphuculwa kweenkqubo zolawulo ekuzuzeni iinjongo zeSebe;
- Ukuvavanya ukuba selungelelweni nokusebenza kwanokuphucula iinkqubo zokulawula umngcipheko;
- Ukuncedisa iGosa Elongameleyo ekugcineni iinkqubo zolawulo ezisebenzayo nezisemgangathweni ngokuthi kuvavanywe ezo nkqubo zolawulo ukufumanisa indlela ezisebenza ngayo nokuba semgangathweni kwazo, kwanokuqulunqa izindululo zokuvuselela okanyeukuphucula.

Umsebenzi wophicotho wangaphakathi kulo nyaka siwuphetheyo kwiSebe uye waquka iindibano ezintathu zengqinisekiso (kuquka enye yamasebe ohlukeneyo) kunye neenkalo ezisibhozo eziye zalandela. Iinkcukacha zezi ndibano zibandakanywe kwingxelo yeKomiti Yophicotho.

IKomiti Yophicotho yamiselwa njengequmrhu eliza kubreka iliso, linikezele uhlobo oluzimeleyo kwimiba yezolawulo, ulawulo lomngcipheko kwakunye neenkqubo zolawulo kwiSebe, eziquba ukubeka iliso kwezi zilandelayo:

- Umsebenzi Wezophicotho Lwangaphakathi;
- Umsebenzi Wezophicotho Lwangaphandle (uMphicothi-Jikelele woMzantsi Afrika – i-AGSA);
- Ugcino-zincwadi lweSebe kunye nokuqulunqwa kweengxelo;
- Imigaqo-nkqubo Yogcino-zincwadi zeSebe;
- Abalawuli be-AGSA kunye nengxelo yophicotho;
- Uhlobo Lwaphakathi Enyakeni kwiSebe;
- Ulawulo lomngcipheko kwiSebe;

- Ulawulo Lwezangaphakathi;
- Iinjongo ezicwangciswe kwangaphambili;
- Iindlela Zokuziphatha kunyre neenkqubo Zophando-nzulu.

